

# KUMAPHIKO ELIMHLOPHE

## OKWEKHEPHU IHOBE



Masithobiseni iintloko zethu.

Nkosi Ethandekayo, sibulela Wena ngobu busuku ngesithembiso sokuza kweNkosi uYesu, apho siyakuhlangana kumhlangano omkhulu apho ungasayi kuphela, wemivuyo neengoma, njengoko sikudumisa Wena kwi—kwi zizukulwana ezingapheliyo ezizayo. Sicela iintsikelelo Zakho kumhlangano ngobu busuku. Sicela iintsikelelo Zakho kulomnquba, kubasebenzi bawo, umalusi wawo, nabancedisi bawo, abelusi abancedisayo, nabo bonke.

<sup>2</sup> Sicela ukuba Usikelele aba, Nkosi, abaze iimayile ezininzi ukuze babe semhlanganweni, beka isandla saKho senceba phezu kwabo ngexa behamba ukubuyela emakhayeni abo. Sinike oko, Nkosi. Singa singahlangana izihlandlo ezininzi kunye kule ndawo ibizwa ngokuba yindlu kaThixo, ukuza kunqula. Sikelela abo baqhagamshelweyo ngobu busuku, Nkosi, ngendlela yomnxeba. Anga wonke umntu ongasindiswanga angamfumana uYesu Kristu Umsindisi wabo, ngobu busuku; philisa bonke abagulayo nabaxhwalekileyo, Bawo, umkhonzi Wakho ungena enkonzweni, eGameni likaYesu. Amen!

<sup>3</sup> Inkosi isikelele ngamnye wenu. Ndivuyeye kangako ukuba lapha kobu busuku. Ndingene nje xa uMzalwane uErnie ebecula indawo yokugqibela yengoma yakhe, *Kumaphiko Ehobe*. Ngokuqinisekileyo ngumbongo omhle, ngokuqinisekileyo mhle, kwaye Ndi—Ndiyazi ukuba ungxeshisa elifanelekileyo. Ngoku ke, sinombulelo kakhulu.

<sup>4</sup> Kwaye nakuni nonke bantu baqhagamshelweyo ngobu busuku elizweni banzi, bendingwenela ukuba benilapha nibone oku kulinda, ukulindela okuse busweni babantu ngexa bexinene esakhiweni ngobu busuku; benexesha elimangalisayo.

<sup>5</sup> Sifuna ukubulela uMzalwane uJack Moore, noDade uMoore, noMzalwane uNoel, uMzalwane uBoutliere, uMzalwane uBrown, bonke aba babandakanyekayo apha, umnquba wonke, abasebenzi bonke, ngokusimema sibuye.

<sup>6</sup> Ibi yi... ngenene i... uhlobo lwe... andinakuthi ukuzenzekela, ibi ngokulula sisandla sikaThixo esiyisebenzileyo yaphumelela. Kukho umzalwane apha owaye nephupha kwixesha elidlulileliyo, malunga nalento isenzeka, wathi nda “ndimi ndikwibhulukwe emhlophe, kwiimoccasins zamaNdiya uhlobo.” Kwaye yindlela nje leyo ebendimi ngayo xa benditsalela umnxeba uMzalwane uJack ngalo mhlango,

nje ngqo, (eCarson, eColorado) iimocassins zamaNdiya kunye nebhulukwe emhlophe ye-levi; Mzalwane uLeo, ukuba umamele, bendihlangane nje nawe kwimizuzu embalwa. Ngoko lelo lixa umhlangano othathe ubukho bawo, kanye apho.

<sup>7</sup> Ngoku bubusuku bangeCawe; ndiyazi abaninzi benu baza kuqhuba ubusuku bonke ngobu busuku besiya emakhaya, abanye benu bazakube beqhuba kusasa. Ndineentsuku ezimbini zokuqhuba phambi kwam. Kwaye ngoko asi—asi zukunibamba ixesha elide kakhulu. Kwaye ndizamile ukwenza oku uhlobo-lwakudala lobusuku, ubusuku uMzalwane uBrown, kunye noMzalwane uJack, kunye nathi sonke esasidla ngokuthandazela abagulayo kwiminyaka eyadlulayo, sizakuthandazela abagulayo ngendlela efanayo esasisenza ngayo ngoko.

<sup>8</sup> Ngoku, niyandiva emva phaya emva? Ndimana nje ukuwehlisa lo mboko wokuthetha ngokuba nditshelwe lilizwi.

<sup>9</sup> Kwaye ngoko ndifuna uku. . . Nje into encinane, lentlekele incinane yenzekile. Ngoba, bebendixelela kwisithutyana esidlulileyo ukuba kukho umzalwane, mhlawumbi apha emhlanganweni ngobu busuku, osandula ukuphuma kubuhlelo; weza eShreveport, efuna ukuva ngoMyalezo. Kwaye waphixaniseka, ebengazi ukuba ukweyiphi indawo, ngoko waya embindini wedolophu. Wabona abantu behlanganisene, wathi, “Ngaba kulapha apho uBilly Branham aza kushumayela khona?”

<sup>10</sup> Wathi, “Hayi, kulapho uBilly Graham ashumayela nge—nge ndlela yo—yo mboniso.”

<sup>11</sup> Wathi, “Kuhle, ndiyaxolisa, ndi—ndifumene indawo engeyiyo.”

<sup>12</sup> Wathi wenyuka, wathi, “Ngoku ndingaya phi, Nkosi?” Wathi waqalisa ukunyuka le ndlela inkulu. Andiyazi ukuba yintoni, kukho inkonzo enkulu apha ekupheleni. Istrato iTexas. Kwaye kwakukho umnqamlezo omkhulu omhlophe phezulu enkonzweni. Wathi iNkosi yamxelela, yathi, “Qhubeka nje uhamba.” Wathi. . . xa efika apho, kwaku kho. . . Wathi, “Kuhle, kulapha kumele ukuba ikhona, kukho iimoto ezininzi ezimileyo jikelele.” Waze wathi, “Umtshakazi nomyeni beza bephuma enkonzweni.” Bekuphezolo, bekukho umtshato, ndiwubonile uphuma. INkosi yathi, “Ngoku, nantso into ekuyiyo. Uphuma ebuhlelweni ukuze ungene kuMtshakazi, ukuze uhambe noMyeni.” Yabona? Yabona?

<sup>13</sup> Bendisenza intetha kwinkosikazi yam, sisihla ngestrato, indlela inyanga nenkwenkwezi bezijinga ngqo phezu kwalamnqamlezo, njengokuba besisondele kuwo. Ndiyaqikelela ndiyazijonga nje izinto ezincinane ezinjalo, mhlawumbi kukuhambisana nenkolo yam kuThixo kunye nolungiselelo lwam.

<sup>14</sup> Bendicinga ngobu busuku, eTucson, kwenzeka ukuba uVictor Le Doux, waye ngulo mFrentshi...ungowenene umFrentshi. Ndiyakholwa bendinixelela ngenye imini, ukuba ndathi xa ndigqiba ukuthetha, ndizama ukwahlula ubuhlelo kubuKristu benene...Kwaye indoda yayindinika...intetha emfutshane malunga noko, iphuma kwihlelo lenkonzo yakwaMoya edumileyo.

<sup>15</sup> Kwaze uDanny Henry, ndiyacinga ukuba ungumzala kumdlali womboniso-bhanyabhanya okanye into ethile, kwaye waye ngumBhaptizi; waze wabaleka wehla esiya eqongeni, waze nje wazijula iingalo zakhe kum endanga waze wathi, “Mzalwane uBranham, ndiyathemba ukuba oku akuzuvakala kuhlambela, kodwa okuya bekungaba sisahluko sama-23 seZityihilelo.” Kwaye xa ebeqala ukuthetha enye into, waqala ukuthetha ngeelwimi.

<sup>16</sup> Kwaye oku, abantu abathathu besiFrentshi...umfazi wesiFrentshi (omkhulu, umfazi otyebileyo, ontsundu ngebala, wase Louisiana, angabe uhleli apha ngobu busuku) wayibhala phantsi kwi phetshana, into ayithethileyo. Kwaze uVictor Le Doux, umlungiseleli, wabhala phantsi lento inye; kwaye babejonga ukufana, okanye beza kwenza njalo. Indoda enentloko ekhanyayo (uhlobo olugwangqa lenwele) imi phaya emva, ihleli emva kangangokuba ibinako, yeza inyuka, ifuna ukubona okubhaliweyo. Yayi yitoliki yesiFrentshi kwi U.N. Kwaye zontathu into ezibhaliweyo zazifana.

<sup>17</sup> Kwaye Kwathetha oku:

*Ngenxa yokuba ukhethe lendlela inzima...  
Uyikhethe, wena uthathe...ukhethe ngokwakho  
ukukhetha.*

Ngoba, siyazi ukuba. UMoses kwafuneka enze ukukhetha kwakhe. Yathi:

*Yiyo le ethe ngqo nechanekileyo indlela, ngokuba  
yiNDLELA YAM.*

*Kwaye sesinjani—sesinjani isigqibo esizukileyo  
osenzileyo!*

Yathi:

*Ngexa yoku, isabelo esikhulu seZulu sikulindile.*

*Kwaye oku ngokunokwako koko kuza kwenza,  
kuzalisekise, uloyiso olumandla ngoThando lobuThixo.*

<sup>18</sup> Zontathu zabe zifana. Bendicinga ukuba ndinayo lonto eBhayibhileni yam ngobu busuku, (Ndijongile phaya, kodwa andinayo), ukhutshelo loqobo lwayo.

<sup>19</sup> UDanny Henry akazi . . . nje ngam, akazi nakakuhle isiNgesi esilungileleyo, bekaphi ke isiFrentshi. Ukuba uyaqaphela phaya,

kunje ngolwimi lwesiFrentshi, babeka isenzi phambi kwesixeli senzi. Kwaye inguqulelo yazo zontathu ibifana ngqo.

<sup>20</sup> UDanny Henry, kwixesha elidlulileyo, wenza... uDanny angabe umamele ngobu busuku. UVictor Le Doux mhlawumbi umamele, ngokuba ndiyaqonda ukuba useTucson. Kwaye nina bantu base Tucson enkonzweni, umnquba, uMnquba waseTucson apho uMzalwane uGreen angumalusi; UMzalwane uVictor Le Doux, ndiyaqonda ukwinkonzo yentente kanye emazantsi ePark Avenue apho uphumela kuHola u80, xa usiza ngapha. Kwaye ukuba uphandle phaya ngobusuku bangomso kunye nobusuku obulandelayo, nokuba uyakuba phaya ixesha elide kangakanani, yiyani niyokumva; kwaye uDanny angaba ukunye naye. Kwaye kusenokwenzeka ukuba bamamele phaya emnqubeni ngobu busuku, andazi.

<sup>21</sup> UDanny waya eJerusalem nje emva koko, waze wathi ebelele phaya engwabeni kwibhodi... ibhodi yelitye uYesu awayelele kuyo, isidumbu nje phambi kovuko Lwakhe. Waze wathi, ngesiqophe ndafika engqondweni yakhe; waze wathi wabaleka waphuma, waqalisa ukulila, waze wahamba ngaphandle. Waze wakhokelelelwa... Uyindoda eyenza izinto ngamatye; eqengqa amatye, bendifuna ukutsho. Wathi waya apho bathi umnqamlezo wawumiliswe phantsi khona, waze wawisa... waqhekeza intwana yelitye emalunga ne... oh, i-intshi macala omane, okanye into ethile; wayifaka etasini, kwaze kwabekeka ukuba aze nayo ekhaya.

<sup>22</sup> Xa wenza njalo, into ethile yathi kuye, “Yenzela uMzalwane uBranham iziqhoboshi zihlahla zehempe ngela litye.” Waze walifaka kwi acid, laze lajika umbala ukusuka kwilitye elikhangeleka limhlophe laba lilitye legazi. Waze wenza iziqhoboshi zihlahla.

<sup>23</sup> Waze xa ezinika mna, wabe engayiqaphelanga, kodwa kanye embindini wazo zombini iziqhoboshi zihlahla kubaleka lowa uthe tye, ucutheneyo umgca. Ndizinxibile ngobu busuku, ukuthandazela abagulayo. Uyabona, u—umbala welitye legazi, njengegazi elithontsizayo; nalowo uthe tye, umgca ocutheneyo unqumleza kanye. Nje ngqo oko isiprofeto sakhe sakutsho, “indlela ethe tye ecutheneyo”; uyabona, kwisiprofeto. Ndambonisa yona.

<sup>24</sup> Danny, ukuba umamele, wena okanye uMzalwane uLe Doux, omnye wenu, ngobu busuku izakuba bubusuku bakudala xa sizakuthandazela abagulayo. Ndiyavuya ukuhamba le ithe tye, icutheneyo indlela, indlela yeVangeli, indlela yeLizwi, neNkosi yethu uYesu Kristu.

<sup>25</sup> UThixo anisikelele nonke. Ngoku, ningabantu abamnandi ukuthetha kubo, ndiyakuthetha nje ixesha elide ze ndibe nani apha ixhesha elide kakhulu. UBilly uthe kukho phakathi kwamathathu namane amakhulu abantu abazakuthandazelwa,

ngoko kuzakufuneka ndikhawulezise nomyalezo wethu ngokukhawuleza esinoba nako, ze ke ndithandazele abagulayo.

<sup>26</sup> Ngoku, kubantu abase Arizona, kubusuku boMgqibelo olandelayo, sobe singaphaya (andize ndibe nokulicinga igama laladolophu) eYuma, Arizona, esidlweni. Ngoko ke, eCalifornia, silandela kanye kwintsasa yangeCawa, siye eLos Angeles kunye nendawo ekuqikelelwe ukuba zibe khona.

<sup>27</sup> Ngobu busuku, ndifuna ukuthabatha itekisi ephuma eSibhalweni.

<sup>28</sup> Okunye nje, bendihleli kwindawo yokutyela namhlanje, iMorrison Cafeteria; uMzalwane uJack, nenkosikazi yakhe, mna kunye nenkosikazi yam. Siye ngaphaya kwiMorrison Cafeteria ukuze sibe nexesha elincinane kunye, besingekaze siphume, abafazi zange khe babe kunye. Bekukho umfo oselula weza kum, igama lakhe nguGreen, ungotata kaMzalwane uPeary Green. Waze wathi, “Uyazi, Mzalwane uBranham, ubuthetha nge ‘johnny pin’ ngobunye ubusuku.” Kahle leyo yi . . . Yintoni? Bobby pin. Wathi, “Ubuthetha nge ‘johnny pin,’” wathi, “ndikufumanele i ‘johnny pin.’” Wandinika yona.

<sup>29</sup> Ngoku, leyo yi “johnny pin,” manenekazi, ayisayi kusebenza ezinweleni. I “johnny pin,” wathi—wathi ebeyisebenzisa iminyaka, ukubamba amaphepha eBhayibhile yakhe. Ngoko wathi, “Ndiya kukunika eyenene ‘ijohnny pin.’” Ngoko, Mzalwane uGreen, ukuba ulapha ndaweni ithile okanye umamele, la “johnny pin” ilunge kanye, iyibamba nje kakuhle.

<sup>30</sup> Ngoku sifuna ukungena eZibhalweni nje kanye. Kwaye ndifuna nityhile kunye nam kwiNdumiso 55, kwaye naku Mateyu 3. Kwaye isihloko sam ngobu busuku ibingumxholo kaMzalwane uErnie: *Kumaphiko Elimhlophe Okwekhephu Ihobe*. Ngoku, andizukuba nako ukuzibetha zonke into ezibhaliweyo kunye neZibhalo endinazo apha, ngenxa yokuba ndizakungathi ndiyatsiba nje kwezimbalwa zazo, kwaye ngenxa yokuba ndithembise umyalezo.

<sup>31</sup> INkosi ithandile, eYuma kubusuku boMgqibelo olandelayo, ndifuna ukushumayela nge: *Iimeko Zoxhwilo*, ukuba iNkosi iyathanda.

<sup>32</sup> KwiNdumiso 53 . . . Ndicela uxolo, Ndumiso 55.

*Wubekele indlebe . . . (Uxolo? 55, ewe, mhlekazi.)*

*Wubekele indlebe umthandazo wam, Thixo; . . . musa ukuzifihla esikhungweni sam.*

*Ndibazele indlebe, undiphendule: Ndiyaphatheka ekucamngceni kwam, ndincwine;*

*Ngenxa yelizwi lotshaba, ngenxa yokuxinzelelwa phantsi ngabangendawo: ngokuba zindiqengqela ubutshinga, ziyandisukela ngomsindo.*

*Intliziyo yam iyazibhijabhija phakathi kwam: izothuso zokufa zindiwele.*

Ukungoyiki *nokuthuthumela* ukuza *kundingene, ukududuzela kundigubungele.*

*Ndathi, Owu akwaba bendinamaphiko njengehobe! bendiyakubhabhela kude, ndiye ndiphumle.*

*Nanko, ndibaleka kude, ndilalise entlango. Phakamisani. (Uphakamisani uthetha "Amen.")*

<sup>33</sup> UDavide, umthandi wentlango, xa waye xinzelelekile kwaye abantu bengasayi kumkholwa, kwaye iintshaba ziphezu kwakhe, wathi, "Ukuba bendinamaphiko ehobe, bendiya kubhabhela entlango ze ndihlale apho." Mangaphi amatyeli endikhe ndacinga lonto inye! Ukuba bendinokuthabatha umpu wokuzingela wam edongeni, ingxowa yam yokulala endle, ndiye entlango ze ndingaze ndibuye kwakhona. Ndiyibuzile iNkosi ukuba ndingaphila ndiwubone umhla... andiyifuni inkonzo yomngcwabo, ndathi, "Ukuba ndingaya ehlahithini ndaweni ithile, ndibeke 'uBlondie' omdala oyame emthini,..."

<sup>34</sup> Ngumpu wokuzingela wam lowo, ndiyaxolisa, Ndi—ndi—ndikuthetha oko ngenxa yenkosikazi yam ehleli phaya. Uyazi, lampu wokuzingela, uMzalwane apha wandinika kwiminyaka eyadlulayo, ndibulele amashumi amahlanu-anesihlanu egquba lezilwanyana ngawo, ndingakhange ndiphose nesithonga, ezinye zazo zikwasixhenxe okanye asibhozo amakhulu eyadi. Ndiyibiza "Gwangqa" ngokuba eyomfazi wam ingwangqa, ngoko yathi ndicinga kakhulu ngalampu wokuzingela kunokuba ndicinga ngayo. Kodwa...

<sup>35</sup> Ngoko, ndi—ndingathanda ukuyoyamisa emthini, ze ndithi, "Nkosi, vumela uJoseph ayifumane ngenye imini." Ndithanda ukuthabatha amaphiko ehobe ndibhabhele kude.

<sup>36</sup> Kodwa njengelineye ixesha phezulu ezintabeni kwaye ndibukele ikhozi, kwaye ndilibona libhabha lisimka (niyalazi ibali lam lalonto), ndathi, "Kulungile ukuba lapha, Nkosi; njengoko uPetros wathi, 'singakha iminquba emithathu.' Kodwa ezantsi enyaweni lentaba, abagulayo nabaxhwalekileyo balindile, abalahlekileyo nabafayo balindile." Ngoko masenzi esinako ngexa kuyimini, kwaye ngenye imini kuyakubakho i... amaphiko eKhozi elimhlophe ayakwehla, Uyakusithwalela kude.

<sup>37</sup> Ngoku kuMateyu 3:16, Ndingathanda ukufunda i-16 kunye ne-17.

*Ebhaptiziwe ke, uYesu, wenyuka kwa oko emanzini: asuka, amazulu, avuleka kuye, wambona uMoya kaThixo esihla njengehobe, esiza phezu kwakhe:*

*Nalo ilizwi liphuma ezulwini, lisithi, Lo nguNyana wam oyintanda, endikholisiweyo nguye.* (Ngamanye amazwi, “endikholisiweyo ukuhlala kuye.”)

<sup>38</sup> Ngoku sifuna ukuthetha imizuzu embalwa ngale ntaka. Ihobe belisoloko liyenye yentaka eziyintandane kum. Kwaye xa ucinga ngehobe, ihobe ngenene liyi...kunye nevukuthu yintanka enye. Ivukuthu lihobe lasekhaya. Zona zombini zilusapho olunye. Ndikhe ndayilandelela kwaye lusapho olunye. Ivukuthu nehobe, zona zombini zezosapho olunye. Imikhuba yezintaka iphume yodwa.

<sup>39</sup> Ndishumayekele apha, kwiminyaka embalwa edlulileyo, kwinkonzo yentente ngaphandle apha noMzalwane uMoore, nge: *Imvu neHobe*. Ndiyaqikelela niyayikhumbula nonke lonto; kwaye indlela ihobe eliyeyona ntaka icocekileyo esinayo, kwaye imvu sesona silwanyana silulamileyo sinaso. Zona zombini yintaka nesilo sedini.

<sup>40</sup> Indlela ezekeliswe kakuhle ngayo apha uYesu eyiMvu, ze uThixo abe liHobe. Kwaye ihobe belingenakuze lihlale phezu kwengcuka, imvelo yayo ayilunganga. Belingenakuze lihlale phezu kwenja, imvelo yayo ayilunganga. Bekumele kube phezu kwemvu; ezimvelo zimbini bekumele zifane. Kwaye yindlela ekumele sibe yiyo leyo, iimvelo zethu zimele zitshintshe ukusuka kuboni abagqumayo ziye kwintobeko yemvu.

<sup>41</sup> Kwaye uqaphele iHobe likhokele iMvu? Kwaye qaphela, iMvu inikezela yonke into Enayo kwiHobe. Kwaye jonga apho iHobe laMkhokelela khona: ekubethelelweni ngenxa yezono zethu sonke.

<sup>42</sup> Ngoku, iHobe lika...uThixo wayefuna into yokumela uNyana waKhe, Waye melwe sesona sicocekileyo sithobekileyo isilwanyana emhlabeni, isidalwa esihamba emhlabeni; kodwa xa uThixo emisa into yokumela Yena ezulwini, kwaku ngeyona ithobekileyo kwaye eyona icocekileyo intaka ekhona ezulwini, ihobe.

<sup>43</sup> Ngoku, amahobe ayehlukana, kukho iintlobo ezininzi ezahlukileyo zawo. Ngokuqhelekileyo ihobe elilihobe lethu luhlobo olukhangeleka liluthuthu. Ze kubekho ihobe elincwinayo, ze ke kubekho elangokuhlwa ihobe. Kukho kwakhona elibizwa isorona ihobe esinalo ekhaya, lingo mncinane, oluthuthu umfo; omncinane, intwana yomfo onemigca ebomvu emaphikweni akhe. Kukho ezininzi intlobo zamahobe, kwaye zahlukile ngemibala. Ngoko kuyilonto ifanayo nakumavukuthu.

<sup>44</sup> Ngoku, ihobe lelakhiwe ngokukodwa kakhulu ihobe, ngenxa yokuba isiqhelo salo sokuba lingenako ukutya nantoni na engacocekanga; belingenako nje ukuyenza, ngenxa yokuba aliyakhelwanga lonto.

45 Ngoku, ndibe ndisoloko ndithetha ngehobe ukuba liluphawu lukaThixo, kwaye unomyayi eluphawu lomhanahanisi. Unomyayi unako ukuhlala phandle kwisidumbu esidala atye, imini yonke, kwaye abhabhe kanye aphume aye entsimini atye ingqolowa nehobe. Kodwa ihobe linokutya ingqolowa kube kuhle, kodwa alinako ukusitya isidumbu esidala. Uyabona? Akanako nje ukuyenza, isisu sakhe asinakuyithatha. Kwaye ndamangala ukuba kutheni engenako ukuyenza; zizintaka zombini, zombini zintaka. Kodwa kutheni? Kukwakheka kwazo.

46 Yindlela ekuyiyo nowenene umKristu. O...nje owehlelo uMkristu angathatha nje nantoni, kodwa owenene, ozelwe-ngakutsha umKristu akanako ukuzithatha izinto zehlabathi. Wakhiwe ngokwahlukileyo.

47 Ndafumanisa ukuba ihobe alina nyongo. Akukho nyongo ehobeni ngokuba aliyidingi.

48 Ngoko yindlela ekuyiyo nomKristu, akadingi nabuphi ubukrakra, yabona, ngoba utya kuphela uKutya kukaThixo. Kwaye akuthathi bukrakra ukunyibilikisa oko; kuthabatha uthando, uyabona, ngoko yena...ukunyibilikisa ukutya. Ubukrakra: "Owu," bathi, "kuhle ke..." bayahluka naLo. Kodwa uthando lusoloko luLamkela, iLizwi likaThixo.

49 Ngoku, akananyongo, ngoko ke ebengenako...kuchasene nje naye ukutya nantoni na embi. Kwaye ukuba ebengayitya, ibiya kumbulala. Kodwa akukho ngozi, akazi kuyitya (uh-huh), ngokuba akayilambelanga.

50 Kwaye yiyo leyo indlela nowokwenene umKristu. Ubusazi na ukuba owokwenene umKristu akanaso nkqu nesinjani isono esibalwa kuye? UDavide wathi, "Unoyolo umntu uThixo angasayi kubalela sono kuye." Xa uhlanjwe eGazini leMvana (hayi ngokholo-lokuzenzisa, kodwa ngenene i-iGazi leMvana), uThixo akabaleli kuwe nantoni na eyenziwayo, ngenxa yokuba uphantsi kweGazi kwaye Akayiboni. Kukho idini leGazi; ukuphela kwento Angakubona kuyo, yindlela Awakubona ngayo phambi kweziseko zehlabathi xa waYebeke igama lakho kwiNcwadi yeMvana yoBomi. Kuphela kwento Angajonga kuyo, ngenxa yokuba uhlawulelwe wakhululwa kuyo yonke into eyakha yenziwa, uhlanjwe eGazini leMvana. Ngoko ke akukho nyongo kuwe, akukho mkhuba ungacocekanga kuwe, ngenxa yokuba iGazi leMvana likwenzile oku; kwaye uThixo akanakubalela sono kuwe emveni kokuba unedini-lesono phaya elikulindileyo.

51 "Kuhle ke," uthi wena, "oko kundinika umhlaba owaneleyo ngoko, Mzalwane uBranham, ndingenza endikufunayo." Ndisoloko ndisenza; ndisoloko. Kodwa xa indoda ingabona ngokwenene oko uYesu ayenzele kona, ize iguquke yenze into echaseneyo naYe, ibonisa ukuba ayizange imamnkele uKristu.



<sup>52</sup> Ndinenkosikazi encinane ehleli emva phaya. Uneminyaka elishumi ubuncinane kunam, kwaye ungwevu njengoba ndinjalo. Isizathu kukuba ume phakathi kwam kunye ne—kunye nehlabathi langaphandle. Ukuba bendisiya phesheya kwelwandle, ndize ndi. . . Bekungayi kukuba luhlobo oluthile losapho olu ukuphila kulo, ukuba bendiya kuhlanganisa usapho lwam lundingqonge ndize ndithi: “Jonga apha, Nkskz. William Branham, ufuna ukuyiqonda into yokuba ungu Nkskz. Branham. Uze ungabi nabanye abayeni ngexa ndimkile. Ungabetheli mehlo nayiphi enye indoda,” nazo zonke ezi zinto. “Ungadlalisi amanye amadoda kwaphela. Ukuba wenze njalo, xa ndibuya ndizaku kwala.”

<sup>53</sup> Aze aguquke naye athi, “Ngoku, ndoda yam elungileyo, ndifuna ukukuxelela into nam. Uze ungakhuphi nawuphi omnye umfazi ngexa umkile. Uze ungenzi *oku nokuya*. Ukuba wenzile, zibale nje ukuba waliwe xa ubuyela ekhaya.”

<sup>54</sup> Ngoku, bekungayi kuba lusapho olunothando na olo? Uyabona? Hayi! Ukuba ndiyamthanda ngenene. . . Nangona ndikholwa kukuba uba ndingenza impazamo ndityibilike ndenze into engalunganga, ndiyakholwa ukuba uyakundixolela ngalo nto ngokuba uyandithanda. Kwaye ukuba wenzile, ndiyakholwa bendiya kumxolela ngalonto; ngokuqinisekileyo, ngokuba ndiyamthanda. Kodwa ukuba ndimthanda ngolohlobo, okoko nje ndimthanda ngolohlobo akanaxhala. Nangona ebengandixolela, andinakumvisa ubuhlungu nangenxa yantoni. Ndi—ndi—ndingaziva ndingoyena unetyala umfo ehlabathini, bendingayi kukwazi ukuwulinda umzuzu wokuba ndimxelele malunga nendikwenzileyo, ngenxa yokuba ndiyamthanda. Kuhle, nantso. . . Ukuba ndimthanda *ngothando lobuntu* ngolohlobo, luya kuba lukhulu kangakanani *uthando lobuthixo* lwam kuYesu Kristu?

<sup>55</sup> Noxa ndingatshaya icuba, andizange ebomini bam; kodwa noxa ndingenza, Angandixolela ngalo nto, ndiyakholwa Uyakwenza njalo. Ukuba ndithabathe isiselo, andizange ebomini bam, kodwa ndiyakholwa Angandixolela ngalo nto. Kwaye ndimthanda kakhulu, (Thixo, ndincele) andifuni kwenza nantoni na enjalo, uyabona, ngenxa yokuba ndiyaMthanda. Ezo zinto zimkile kum, ngenxa yokuba xa Wandiguqulayo ekubeni ngunomyayi ndaba lihobe kwenza umahluko, ukulambela kwam kunye nezinto zandishiya; ngoko ke isono asibalelwa kum ngokuba andizimiseli ukusenza, ayikho kum ngaphakathi ukuba ndisenze.

<sup>56</sup> Ngoku enye into enkulu ngeli hobe. Uyintaka engaqhelekanga. Wakhe wazibona zonke iintaka. . .

<sup>57</sup> Enye yentaka zam endizithandayo yirobin. Ngoku, nina makhwenkwe yekani ukudubula iirobin zam, yabona, ngoba andifuni nenze lonto. Irobin yam, uyazi indlela awafumana

ngayo isifuba sakhe esibomvu? Uyazi, ngenye imini kwakukho iNdoda isifa emnqamlezweni, kungekho mntu uMncedayo, uThixo eyishiyile le Ndoda, kwaye Wayesifa. Izandla zaKhe zinezikhonkwane kuzo, iinyawo zaKhe necala laKhe zisopha, isitshaba entlokweni yaKhe nameva, igazi libaleka ebusweni baKhe. Kwaze kwakho intaka encinane yadlula, encinane, intaka emdaka. Yaze yajonga koko, kwa...cinga ukuba yayingoyena mbono ulusizi yakhe yawubona. Kwaye wayesazi ukuba wayeyintaka nje encinane, kodwa wajonga kwezo zikhulu, zidala zikhohlakeleyo izikhonkwane zamaRoma zingeniswe ezandleni zaKhe, yaze yabhabha yaya ngomlomo wayo omncinane yaze yazama ukuzikhulula. Yafumana isifuba sayo sonke sihlanjwe ligazi, ukusukela ngoko saba bomvu. Ndifuna isifuba sam sikhuselwe ngeGazi laKhe, nam, ndiLilwela xa ndisiza kuhlangu naYe. Ndiyayithanda irobin encinane.

<sup>58</sup> Kodwa, uyazi, irobin encinane kufuneka ihlambe; kodwa, uyazi, ihobe akunamfuneko; hayi. Line ntlobo ethile ye oli ngaphakathi kwalo elithambisayo ze iligcine licocekile ukusukela ngaphakathi ukuya ngaphandle. Uyayazi lonto? Ihobe linayo! Ihobe liyazithambisa nge oli. Wakhe waliphakamisa elinye, ujoje elovumba kulo, ivukuthu okanye into ethile? Yi oli eveliswa ukusuka ngaphakathi kwalo. Umzimba walo wenza idlala leoli egcina iintsiba zalo zisoloko zicocekile ngaphandle ngokuba licocekile ukusuka ngaphakathi ukuya ngaphandle. Ilunge kanye. Liyintaka encinane emangalisayo.

<sup>59</sup> Ngoku, ndiyazi ninako ukuwazingela apha, ndiyacinga, eLouisiana. Musani ukuyenza lonto! Owu, andinakuyenza. Ndiyaqikelela ukuba bendilambile, ibiyakuba ilungile, kodwa andi—andinako nje ukutsala ihamile yompu kwelinye lawo ukuba bekufuneka.

<sup>60</sup> Kukho...Ihobe linto enkulu engaqhelekanga kusapho lwethu. Ngenye imini xa umakhulu...Uvela apha phezulu eKentucky, uphuma kubekelo bucala lamaCherokee. Wayesifa, umfazi omncinane, kwaye waye...Babe ne...ndicinga bayibiza ukudumba kwamadlala ngenxa ye TB okanye into ethile, wayesifa. Waze utamkhulu waguqa phantsi ecaleni kwebhedi; ngenxa uMama, uMakazi uBirtie, uMakazi uHowlie, bonke baguqa bengqonge ibhedi; uMalume uCharlie, (intwana, eminyaka-emine inkwenkwe) usana; uMama, oyena umdala, emalunga neshumi elinesibini ubudala. Kwaye wayezikamile inwele zakhe ezimnyama ezolule ebhedini, waze waqalisa ukucula, "Liwa Laphakade, dwala lam, mandizifihle kuWe," xa wayesifa. Utamkhulu, ngela xesha, waye ngengomKristu. Ndambhaptiza eneminyaka engamashumi asibhozo anesixhenxe ubudala, eGameni likaYesu Kristu, enyaweni lomlambo phaya apho iNgelosi yeNkosi yavela khona.

<sup>61</sup> Kodwa ngexa wayecula le ngoma, izandla zakhe ezibuthathaka ezincinane zisemoyeni, ihobe labhabha langena emnyango; lajikela, lahlala phantsi emantla ebhedi, laqalisa ukungqumshela. UThixo wawuthatha umphefumlo wakhe.

<sup>62</sup> Ndaya phesheya eLondon, eNgilane noMzalwane uJack kunye noMzalwane uGordon Lindsay, kwaye bekukho umfazi onegama elingu Florence Nightingale (ubanga ukuba, ndiyacinga, yintombi esisizukulwana okanye into ethile kongasekhoyo uFlorence Nightingale) owandibhalela iincwadi ezininzi. Wayesezantsi eMzantsi Afrika, esifa ngumhlaza. Waye enomfanekiso; niwubonile encwadini. Andizange ndimbone umntu onokonakala enjalo ebomini bam. UMzalwane uJack, ndiyakholwa, waye enam ngola suku. Saya kungena endlwini yomlungiseleli, emission, nje emva kwenkonzo apho babemzise khona.

<sup>63</sup> Ngexa sasisengaphandle kwi...apho inqwelo ntaka yehla khona, basikhwaza ngomboko, waye ekwisithuthi sezigulana apho ngelo xesha; ebhajiswe ukusuka—ukusuka ezantsi eMzantsi Afrika, esazi ukuba ndiza eNgilane ngela xesha. Umlungiseleli wamsa emission, ngoko saya emva phaya ukuya kumthandazela.

<sup>64</sup> Ndikhe ndabona abaninzi abantu abagulayo, kodwa ezincinci iingalo zakhe bezingakhangeleki ngaphezulu kwe intshi ububanzi, u—ukhakayi lwakhe apho luthungelana khona, ubunokulibona. Kwaye yena...imilenze yakhe phezulu apha ukujikeleza amanye akhe kungekho ngaphezulu *kunoku*, malunga nee intshi ezimbini ububanzi, ithambo nje. Waye engenakho ukuphakamisa izandla zakhe, wayebuthathaka kakhulu ukuba abe nokuphakamisa izandla zakhe. Waye ezama ukuthetha okuthile, ndaye ndingenako ukumqoda. Ze kwathi ekugqibeleni xa ndisiva, ndiyakholwa ndidluliselwa ngumongikazi, wathi, “Mzalwane uBranham, thandaza ukuba uThixo andivumele ndife.” Wayengenako...engafuni kuphila. Ndaze ndaqaphela, kwaye inyembezi zibaleka kwelo cala lamathambo obuso bakhe. Ukuba wakufumana phi ukufuma okwaneleyo kuye ukuze alile, andazi; ngokuba imithambo yakhe yayiboqokile, waye ekwe sibi isimo. Ndisiza kuthandazela abagulayo, ndandingenako ukumthandazela ukuba afe. Kodwa wayebonakala ngathi akanakufa, wayebambelele nje.

<sup>65</sup> Ndaguqa phantsi nomalusi wenu, egumbini ukuze sithandaze. Kwathi xa ndiguqile phantsi ukuze ndithandaze, ihobe ilincinane labhabha ukuza efestileni; laqalisa ukungqumshela. Xa ndandigqibile ukuthandaza, ndandicinga ukuba lihobe elifuyiweyo apho ndaweni ithile. Inkungu phandle, indlela iNgilane eyiyo, iZiqithi zaseBritani apho. Laze elihobe lincinane layeka ukungqumshela, laze labhabha lemka. Ndaya ndaze ndabeka izandla phezu kwakhe ndabiza iGama leNkosi.

Kwaye umfazi ungomkhulu, owomeleleyo osempilweni umfazi namhlanje, kumaphiko eHobe.

<sup>66</sup> Uzigcina ecocekile ukusuka ngaphakathi. UmKristu wenza oko naye, ucoca ukusuka ngaphakathi. Oko kugcina ulunya... Akadingi nayiphi inyongo yokucola nantoni na, ngokuba akayityi. Uyabona? Ucocekile ukusuka ngaphakathi ukuya ngaphandle.

<sup>67</sup> Ngoku, siyaqaphela ukuba lentaka.. Izinto ezininzi endizibhale phantsi apha, kodwa iwatshi iyaqhubeka ukuhamba. Lentaka yayisetyenziswa kwiTestamente Endala ukwenza idini, ukwenzela isicamagushelo nokuzicoca. Masibhekise nje apha kwenye ekwi Genesis 15:9. Masingeni ngalevesi nje okomzuzwana. Ngoku, uAbraham waye... wacela uThixo apha, Wayenokuyenza njani lento. Kwaye uThixo wenza iLizwi Lakhe elibuyela kuAbraham, kwaye Uyenza ngendlela engaqhelekanga. Qalisa malunga ne... Masiqale kweyokuqala ivesi. Andithandi kuyingxamisa lento.

*Emveni kwezo zinto lafika ilizwi lika YEHOVA kuAbraham ngombono,...*

Uyabona, uAbraham wayengumprofeti, ngoko wayebona imibono.

*...Musa ukoyika, Abraham: ndiyingweletshetshe yakho, kunye... umvuzo omkhulu. (Yehova-Manesses, uyabona.)*

*Wathi uAbraham, Nko-... wathi, NKOSI Yehova... (Qaphela, unobumba omkhulu N, "Nkosi Yehova." Elohim! Yabona?)... NKOSI yam Yehova, ... (embonweni)... wondinika ntoni na, ndihamba ndingenamntwana, indlamafa yendlu yam ngulo Eliyezere waseDamasko?*

*Wathi uAbram, Yabona, akundinikanga mbewu: yaye, yabona, umntu ongowendlu yam uyakuba yindlamafa yam.*

*Nalo, ilizwi lika YEHOVA lifika kuye, lisithi, Akayi kuba yindlamafa yakho lo;...*

Sele emenzele idinga, uyazi. Hayi... Uyabona, kanye ngeloxesha uAbraham ngewayesilele, kodwa idinga alinamiqathango; umnqophiso, awunamiqathango.

*...ngoya kuphuma ezibilinini zakho yena oya kuba yindlamafa yakho. (Waye eneminyaka elikhulu ubudala ngoku.)*

*Wamsa phandle, wathi, Khawubheke phezulu ezulwini, uzibale iinkwenkwezi, ukuba unakho ukuzibala: wathi kuye, Iya kuba njalo ke imbewu yakho. (Indoda engenamntwana, yaye ngoku inekhulu leminyaka ubudala.)*

*Wakholwa kuYEHova; kwaye oko wakubalela ebulungiseni kuye.*

*Wathi kuye, NdinguYEHova owakukhuphayo eUre, yamaKaledi, ukuba ndikunike eli lizwe ulidle ilifa.*

*Wathi yena kuYe, Nko- . . . Nkosi . . . okanye Nkosi . . . ndiya kwazi ngantoni na ukuba ndiya kulidla ilifa?*

68 Ngoku mamela oku.

*Wathi kuye, Ndithabathele ithokazi eliminyaka mithathu, nemazi yebhokhwe eminyaka mithathu, . . . (gada izithathu ngoku, “eminyaka mithathu”) . . . nenkunzi yemvu eminyaka mithathu, nehobe, negobo levukuthu. (Bobabini abantu abafanayo, zombini izinto ezifanayo. Uyabona, belisetyenziwa kwidini ebelibonisa kwangaphambili uYesu.)*

69 Umnqophiso wenziwa . . . Uyazi, indlela awazahlulayo phakathi, kwaye nendlela ekuyiyo oku . . .

70 Okanye amaxesha akudala, xa bathabatha . . . benza umnqophiso, babe thabatha baze babhale isi—isivumelwano. Baze babulale isilwanyana, bame phakathi kwayo; bawukrazule kubini umnqophiso, omnye umntu athathe elinye icala . . .

71 Njengoko indawo yokuhlamba impahla yamaChina yayidla ngokwenza. Indoda yeChina apha, yayingenako ukubhala iSingesi, ngoko yayibhala apho ize ikrazule iphetshana ize ikunike isiqwenga. Kwaye ni—niyazikhumbula ezamaChina iindawo zokuhlamba impahla ngexa zazidla ngokwenza lonto. Kwaye u . . . la—la macala mabini kufuneka afaniswe, ukuze ufumane impahla zakho. Uyabona, ubungena kumbhida, ngoba ebenesinye isiqwenga salo. Unganako ukuphinda ulishicilele igama lakho, kodwa awunako ukuphinda ulikrazule elaphepha. Yabona? Ngoko, waye . . . kwakufuneka ukuba ibe sesasiqwenga sinye sephepha.

72 Ngoko yindlela ababe yenza ngayo kwimihla yaseMpuma, kudala . . . okanye kudala kwimihla yaseMpuma. Babe bulala isilwanyana, bame phakathi kwaso, bakrazule isiqwenga sesikhumba sebhokhwe kubini, omnye athathe enye . . . Kuze xa umnqophiso ungqiniwe, babe zisa badibanise ezi ziqwenga kwaye kwakufuneka zihlangane nje ngqo.

73 Ngoku, into uThixo ambonisa yona apha yile, kula madini, athetha ngoKristu; yindlela uThixo awathatha ngayo uYesu wamsa eKhalvari waze waMkrazula wangamacala, waze wamnkela umzimba phezulu eZulwini waze wathumela uMoya ezantsi phezulu kwethu, ukuze laMoya mnye wawu kuYe kufuneka ube kuwe ukuze uhlangeane noMzimba, ukuze ube nguMtshakazi kwixesha lesiphelo. Yabona? Yabona? Kulungile oko. Uyabona? Akuzuba lihlelo, ngoku. Izakuba liLizwi, lento waYe yiyo. Uyabona?

<sup>74</sup> Kodwa njengokuba elaLizwi kufuneka lize kwiLizwi, njenge seli emntwini. Uyazi, xa owakho—owakho umzimba usakhiwa, ayibi yenye iseli yomntu, enye ibe lelenja, kuze enye ibe yeyehagu. Owu, hayi, hayi. Konke ziiseli zomntu. Yindlela oyiyo uMzimba kaKristu, *lonke* iLizwi likaThixo. Hayi nje inxenye yaWo, esithile isithethe sidityaniswe naWo; hayi, *wonke* nguMzimba kaKristu.

<sup>75</sup> Ngoku, sifumanisa apha ukuba usebenzise zombini ihobe negobo levukuthu, ngokuba zilusapho olunye. Ngoku, usoloko...

<sup>76</sup> Ngoku qaphela (Ndibhekise nje kwezingephi zezi Zibhalo) iLevitikus 12, kunye nevesi ye-6. Sifumanisa apha ukuba ulungelelwano lomfazi ohlanjululwayo; ukuba umfazi ebefumene usana, kwakufuneka alinde. Ukuba bekuyi nkwenkwe, kwakufuneka alinde intsuku ezimashumi mathathu anesithathu phambi kokuba abe nokungena ebandleni namahobe, ukwenzela ukuhlanjululwa. Ukuba ube nentombi, kwakufuneka alinde intsuku ezimashumi alithoba anesithandathu phambi kokuba abe nokungena ebandleni.

<sup>77</sup> Ngoku sifumana apha, ivesi ye-6.

*Ekuzalisekeni kwentsuku zokuhlanjululwa kwakhe, ngonyana, nokuba kungentombi, wozisa imvana emnyaka mnye ibe lidini elinyukayo, negobo levukuthu, nokuba lihobe, libe lidini lesono, emnyango wentente yokuhlangana, kuye umbingeleli:*

<sup>78</sup> Uyabona, akakabi nakungena ngokuba iintsuku zakhe azikagqitywa, kodwa angazinika ezi ku—kumbingeleli emnyango, zibe lidini lakhe. Yabona, ingaba lihobe okanye igobo levukuthu. Zombini zilusapho olunye.

<sup>79</sup> Ngoku i—ngoku ibisentyenziswa kwizicamagushelo, nakwiscamagushelo sesono, ihobe elinye. Okanye seqhenqe, engumfuziselo wesono, ubuzisa amahobe amabini: eyelinye intloko ibibuswa, liqutyudelwe phantsi ze lophele kwelinye; emva koko elinye ihobe likhululwe. Kuze xa libhabha ihobe, lihlabbe umhlaba ngegazi lomlingane walo, kwaye igazi lakhala kuThixo, “Ungcwele! Ungcwele! Ungcwele uYehova uThixo!”

<sup>80</sup> Ngaba akumboni uMlingane ofayo, uYesu Kristu? Wabulawa watshizwa phezu kwethu, ukuze sikhululeke, sikhwaza “Ngcwele! Ngcwele! Ngcwele! eNkosini.” Ezinjani ukuba zihle izibonakalisi. Ndinga bendisenelizwi.

<sup>81</sup> Ngoku bonakalisa omkhulu uMoya oyiNgcwele njengoba sisandula kufunda kwiSityhilelo 3:16; lisetyenziswa nguThixo kwimiqondiso, elihobe.

<sup>82</sup> UNowa wanikwa umqondiso, njengokuba umzalwane esandula kucula ngawo. UThixo wayengakholisekanga, kwaye kungekho nto ibiza ukunqanda ingqumbo yaKhe, ngoba

Wathi, “Mhla uthe wadla kuwo, ngalo mhla uyakufa.” Kwaye uNowa wayefumene ubabalo kuThixo waze wakha umkhombe ngokokwakhiwa . . . imiyalelo, gxebe, aWaye mnike yona. Kwaye waye dada phezulu.

<sup>83</sup> Ndiyacingela eyakhe . . . kwenzeka ntoni ngezo ntsuku xa bathi, “Lendoda indala phezulu endulwini, umbaxi omdala, esakha umkhombe, esithi ‘kuza kuna,’ kwaye ayikaze inethe.” Kodwa ya . . .

<sup>84</sup> UNowa wathi, “Izakunetha, nakanjani.”

<sup>85</sup> Kwaye ke ndiyayazi imini awangena ngayo, ndicinga into . . . andicingi nje ukuba ibiyeyiphi imini, ndiyakholwa umhla weshumi elinesixhenxe kaMay. UNowa wangena emkhombeni, waze uThixo waluvula ucango.

<sup>86</sup> Aze amafu aqalisa ukuza, iimvula zaqalisa ukuna, imibhobho ethathela amanzi phantsi komhlaba yaqalisa ukuzala, imithombo yenzulu yaqhekeka, imithombo engaphandle yaphuphuma amanzi awo. Ekugqibeleni abantu bangena ezindlwini zabo, bakhwela phezulu. Umkhombe omdala wahlala nqo phaya nje ngokufanayo.

<sup>87</sup> Emva kwethuba xa aneleyo aqalisa ukuwujikeleza, waqalisa ukunyukela phezulu naphezulu. Abantu bankqonkqoza eminyango baze bakhala, kodwa ayizange i—incede, uNowa wayengena kulivula ucango. UThixo walivala ucango, uThixo nguye kuphela Onokulivula.

<sup>88</sup> Kunjalo nakowethu uMkhombe, uYesu Kristu; uThixo wasivulela ucango eKhalvari, uYakulivala nje ngokuqinisekileyo njengoko Ebelivulile.

<sup>89</sup> Waze wadada, ngokuqhubekekayo, mhlawumbi iimayile ubunzulu phezu komhlaba ngexa lomhlaba wawugungquza usuka endleleni . . . ukusuka e—e . . . kumjikelezo wawo oqhelekileyo. Kwaye yajikela yaze yajikela yahamba, zaze izihlwitha, nemithi, kwaye nangaphezu kwentaba kwanento ezinjalo, uchophile amashumi amane eentsuku nobusuku.

<sup>90</sup> Kwaze xa imimoya iqalisa ukuyeka . . .

<sup>91</sup> Ingqumbo kaThixo iyoyikeka. OlwaKhe uthando lunyulu kwaye lelobuThixo; kwaye nengqumbo yakhe ikwa yeyobuThixo—ikwa yeyobuThixo njengoba uthando lwaKhe lunjalo, ngokuba, kufuneka Awise umgwebo ngokuba Ungumgwebi. Ungumniki-mthetho, kwaye umthetho ngaphandle kwesohlwayo asingomthetho. Ngoko kumele kebekho isohlwayo kumthetho. Ze xa ugqitha imithetho kaThixo, kuxa uhlawula isohlwayo.

<sup>92</sup> Ngoku siyaqaphela emveni kokuba uNowa edada phezulu phaya, ngaphandle kwamathandabuzo egula lulwandle kokwa kugquma nokudlokova, nengqumbo kaThixo ibotyoza kwaye icumza, nezikhalo nezinto ezinjalo. Kwathi kwaqalisa ukuzola,

akwaba kho nto yenzekayo. Iintsuku zadlula, akwaba kho nto yenzekayo. Mhlawumbi isibonelelo sokutya kwezilwanyana nento ezinjalo kuncipha, akwaba kho nto yenzekayo. Ngoko wacinga, “Kungaba . . . andinakubona ngaphandle.”

<sup>93</sup> Umkhombe wawakhiwe ngohlobo (xa uthe waba ngaphakathi kuwo), kwakukho ifestile enye kuwo, kwaye yayi phezulu kanye. Wawungenako ukujonga emacaleni, wawungena kujonga ngenye indlela kodwa phezulu ngqo. Kwaye yindlela uMkhombe, uYesu Kristu, ayiyo. Awunako ukujonga umfo osecaleni kwakho, awunako ukujonga nantoni na kodwa uKristu xa ungaphakathi eMkhombeni ngokuba kukho kuphela umnyango omnye, kwaye Ungulo Mnyango sithethe ngawo kule ntsasa. Kufuneka uhlale ujonge phezulu, “Ngoba lowo uthi abeke isandla kwikhuba aze ajonge nje emva, akakufanelanga ukulima.”

<sup>94</sup> Ngoku, nje ngakulona umkhombe . . . Waye enokukubona ukukhanya, kwaye mhlawumbi ukukhanya kwelanga, kodwa wayethingaza ukuba uphi na. Umkhombe wawusa dada, wayewava amaza ebetha emacaleni, kodwa wayesazi ukuba kube ziintsuku ezininzi, ngokuqinisekileyo amanzi ayesihla ngelo xesha. Ngoko waya wafumana intaka engathembekanga, ekhohlisayo, waze wayizama *yona*, waze wayithumela ngaphandle. Yayi lihlungulu, kwaye ela hlungulu zange liphinde libuye, ngokuba lafumana ukuziyolisa phandle phaya, ngaphandle ngomkhombe kaThixo. Labhabha ukusuka komnye umzimba ofileyo ukuya komnye, lisidla izidumbu nento ezibolileyo ezazidada emanzini; kwaye lalanelisekile ngokugqibeleleyo.

<sup>95</sup> Ngoku emva kweentsuku eziliqela wazama kwakho, ngoba waye sazi . . . Wayengafuni kuphuma angene kwingqumbo kaThixo. Ngoko wakhulula ihobe. Kwaye eli hobe yayilele ndalo eyahlukileyo kune . . . Lali ngelo xhalanga, lingadli nento ebolileyo, likwazi ukudla kuphela izinto ezicocekileyo ezinyulu. Kwaye lalanelisekile kuba lali ngafumani nto lingabeka inyawo zalo kuyo, labuyela emva emkhombeni. UNowa wathi, “Kuhle, unogumbe usekho.”

<sup>96</sup> Emva koko walinda ezinye iintsuku eziliqela, waze wathuma phandle kwakho; njengo mthandazo wakhe, “Owu Thixo, ingaba ingqumbo yaKho sele ithomalele? I—i—ingaba ingqumbo yaKho iphelile, Nkosi? Ingaba yonke igqibile?” Waze wathi, “Ngoku, ukuba ndilithumile phandle kwesi sihlandlo, lingahlala phandle phaya ukuba unogumbe uhlile, lingahlala.” Kodwa walithuma phandle ngomthandazo, kwaze xa lisiya phandle phaya likhokelwa nguThixo, lanqothula igqabi lomnquma emthini, laze labhabha labuya lankqonkqoza ngomlomo efestileni kwakho.



<sup>97</sup> UThixo wasebenzisa ihobe ukwenza umqondiso. Labuya lisithi “unogumbe uphelile,” waze uThixo waluvula ucango, baze baphuma ngaphandle. Yi Genesis 8:8.

<sup>98</sup> Kwakho likwasetyenziswe kuMateyu 3:16, kaphinde xa ingqumbo kaThixo yayisemhlabeni. Kwaye kungekho ndlela, obona bumnyama ubusuku, inzulu yobusuku, iinkonzo zizijijile izinto de kwangabikho ndlela yakuphuma. Kwaye kukho ootishala ababuxoki, zonke iintlobo zezinto zivela, zonke iintlobo zezivumo zivela, kodwa uThixo wasebenzisa ihobe kwakhona. KwakuMkholisile, uNyana waKhe uYesu wayeMkholise kakuhle kangako, ukuba aMazise Yena.

<sup>99</sup> Ngoku, babengakholwa ukuba lomntwana owazalwa ezantsi phaya kwesa sitali sengca...phambi kokuba uyise nonina waKhe, ekwakumele ukuba ngabo, babe batshatile. Babe ngena kucingela uThixo esebenzisa nantoni na enjalo. Ngoko kwafuneka ukuba Aziswe ehlabathini; kwaze ngala mini ezantsi emlanjeni, xa Wehla ukuya kuZingqina ukuba unguMsebenzi-wobugcisa kaThixo (endithethe ngawo kule ntsasa)...Xa Wayethobele ukungena emanzini...

<sup>100</sup> Ngoku, ukuba uyaqaphela phaya, kukho isifundo esikhulu. UYohane waye yeyona ndoda inkulu emhlabeni, ngela xesha. UYesu wathi, “Akuzange kubekho indoda ezelwe ngumfazi enkulu njengaye,” ukuya kwela xesha. Waye engumprofeti. Niyayi kholwa lonto? Ngoku, khumbula, ukuba iLizwi likaThixo liyakuza nakwintoni na elizweni, iyakuba ngumprofeti. Isoloko iyindlela kaThixo leyo. Niya kholwa ukuba uYesu waye eliLizwi libonakaliswe enyameni? Ngoko inye indlela angeza ukuba Aziswe; hayi ngababingeleli.

<sup>101</sup> Akazange anyuke aze athi, “Kayafa, ungaNdazisa?” Ukuba wayenzile, Wayenze kwalo mpazamo ifanayo uDavide wayenzayo kwisifundo sethu ngaleya mini; uyabona, ukuba Wenyuuka waya enkonzweni, waze wathi, “Ningandazisa?”

<sup>102</sup> Qaphela nje xa Wazalwayo, nkqu. Xa wazalwayo, Wazalwa esithunzini senkonzo. Kwaye mhlawumbi babetha iintsimbi nayo yonke into, kodwa yayingabelusi abaMqondayo, neZazi. Yabona?

<sup>103</sup> Kwaye Nanku apha ngoku, kwi...elungele ulungiselelo lwaKhe. Kwaye ukuba liLizwi...

<sup>104</sup> Ngokwecebo likaThixo elikhulu, iLizwi kuphela linga... “UYehovah uThixo akenzi nanto de Aqale Ayityhile kuba khonzi baKhe abaprofeti.” Kusoloko kuyindlela yokwenza yaKhe, kufuneka ibe njalo; xa Amatywina ayevulwa, xa nantoni engenye. Nasiphi na isiganeko esikhulu esenzekayo emhlabeni, uThixo uyityhila kubaprofethi baKhe.

<sup>105</sup> Waye uYohane engumprofethi, ngoba waye profeta “Uyakuza.”

106 Kwaze ezantsi ecaleni lenduli ngenye imini. . . xa ingxoxo yayiqhubeka, igquba lababingeleli lime lijikelezile. Baze bathi, “Ufuna ukundixelela ukuba uzibiza ukuba ‘ungumprofeti,’ uze ume ngaphaya kola daka?” (hayi enkonzweni, ngokuba babengena kumamnkela) “Ume ngaphaya kola daka, uze undixelele ukuba ilixa liyeza apho uYehova omkhulu Owamisela lamadini, xa uYehova omkhulu Owakha letempile, Owangena kuyo njengeNtsika yoMlilo, ‘imini iyakufika apho eladini lemihla ngemihla liyakususwa?’”

107 Wathi, “Kuya kufika iNdoda, kwaye Uphakathi kwenu ngoku (ndaweni ithile phandle phaya), kwaye Uyakusisusa isono.” Umbingeleli wayeyixoxa kunye naye.

108 UYohane wajonga phezulu! Ngoku, uyintoni? Umprofethi! Kwaye nali iLizwi, nako lisiza iLizwi lisiza ngqo kumprofethi, kanye emanzini. UYohane wathi, “Yabonani, iMvana kaThixo ethatha isuse isono sehlabathi. NaNkuya, nguYe lowa.” UYesu akazange athethe negama, wahamba kanye engena emanzini. Kwaye ndiyabona phaya, kumi kulo manzi (cinga ngedrama), ababini kwabona bakhulu bakhe bafika emhlabeni: UThixo iLizwi, kunye nomprofeti waKhe.

109 Qaphela, iLizwi liza kumprofethi *kwesi* sigaba sobabalo, emanzini (uh—huh). Bendicinga niyakuyibamba (uh—huh). Emanzini! Isityhilelo sokuqala seLizwi kwakuse manzini. Ngoku uyabona apho uMtshakazi aqale khona, uMyalezo wokuKhanya—kwangokuhlwa? Emanzini! ILizwi, iLizwi elinyanisekileyo elingaxutywanga nazimfundiso, kodwa leza kumprofeti emanzini, ngamanzi.

110 Qaphela! Ubunokucingela amehlo eLizwi namehlo omprofethi ehlangana emanzini? Owu, kuninzi oko kum. Nanko emi umprofethi, nalo limi iLizwi, bejongene emehlweni. Waze wathi umprofethi wathi, “Ndidinga ukuba ndibhaptizwe nguWe, kutheni usiza kum Wena?”

111 Laze iLizwi lathi. . . Kufuneka ibe yinyaniso.

Ngoku mandenze idrama apha:

112 “Yohane, ungumprofethi, uyalazi iLizwi.” Yabona? “Uyandiqonda Mna, uyandazi ukuba ndiNgubani.”

113 “Ndidinga ukubhaptizwa nguWe,” uYohane watsho.

114 UYesu wathi, “Kuvumele oko kube njalo. Kulungile nkanye ngqo, unaso isidingo sokuba ubhaptizwe ndiM. Kodwa khumbula, Yohane, njengokuba ungumprofethi, kusifanele thina, okanye kukuthi thina (nje ngeLizwi *kunye* nomprofethi), ukuba sizalisekise *lonke* iLizwi. Uh—huh. Ngoba, Yohane,” (nasi isityhilelo ngoku) “Yohane, uyandazi ukuba Ndingubani, Ndilidini. Kwaye ngokweLizwi likaThixo, idini kwakufuneka lihlanjwe phambi kokuba liziswe ukwenza idini.” Ingaba kuchanekile oko? ILizwi. . . “IMvana yayihlanjwa ze ke iziswe

ukuba lidini, kwaye Mna ndiyilaMvana. Kwaye kufuneka Ndihlanjwe phambi kokuba Ndivezwe ehlabathini ukwenzela idini. Kuvumele oko kube njalo, Yohane, ngokuba kusifanele thina njenge Lizwi nomprofethi zihlangene kunye.”

<sup>115</sup> Kuhle, akuna kubakho mpazamo. Ngoku, nganye yezi zinto...

<sup>116</sup> Ngoku, yabona, ukuba bekungekho ngenxa yoko kuma kwezinto, uYohane ebeya kufana nawuphi na kuthi sonke; ngoko bathi, “Ewe, Ndi—ndiyazi ukuba ungubani Wena, Nkosi.”

<sup>117</sup> “Kuhle,” Wathi, “yima umzuzu, NdiliLizwi. Uh—huh. ‘Umntu akasayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi.’ U-Efa washiya lalinye uh—huh, kodwa kufanele uthabathe *onke* aMazwi. Kwaye Ndililo ela Dini, kwaye kufanele Ndihlanjwe phambi kokuba Ndibonakaliswe. Kodwa oko ukuthethileyo, Yohane, kuyinyaniso.”

<sup>118</sup> UYohane engumprofethi, esazi ukuba iLizwi kume lizalisekiswa, wakuvumela oko waMbaptiza. Kwathi xa ephakanyiselwa phezulu ngaphandle emanzini, nako kusiza uMyalezo ovela eZulwini kumaphiko eHobe, “Lo nguNyana Wam oyintanda.” Wathumela uMyalezo wokukhulula ngentlawulelo wobabalo kumaphiko eHobe, weza ubhabha usihla uphuma emazulwini. “Uxolo emhlabeni, inkolelo ebantwini.” Idini lalilungile kanye ngoko; likhulisiwe, londliwa, ulungiselelo lwaKhe lalulungile, iLizwi eliya kukhulula ngentlawulelo lonke ihlabathi, “Kugqityiwe!”

<sup>119</sup> Ihobe lisetyenziswa eBhayibhileni njengophawu loxolo, kwaye lisetyenziswa zizizwe njengophawu loxolo. Sine zizwe... Esethu isizwe simelwe lukhozi. Kwaye kunezinye iintaka zezinye izizwe, iRoma inokhozi, iJamani inokhozi; ezininzi kuzo, iintaka ezinkulu zesibhakabhaka. Kodwa kuzo zonke, ihobe luphawu loxolo kuzo zonke izizwe. Yinto ejikelele ehlabathini lonke.

<sup>120</sup> Njengokuba uMzalwana uGreen watshoyo ngobunye ubusuku, uMzalwana uPeary Green wathi, “Uphawu lokunikezela kuku ‘phakamisa izandla zakho.’ Nasiphi isizwe, phakamisa izandla zakho, kukunikezela.” Wathi, “Xa ucula, phakamisa izandla zakho, unikezela ngako konke.”

<sup>121</sup> Kwaye ihobe luphawu loxolo kwisizwe ngasinye. Kutheni isenziwa? Kungenxa yobunene balo, nangenxa yobumsulwa balo. Sesizathu liluphawu loxolo.

<sup>122</sup> Enye into ngehobe, yintaka ethandikhaya. Liyathanda ukuhlala ekhaya.

<sup>123</sup> Kwaye enye into eliyiyo, lisoloko lithembakele kwiqabane lalo. Ihobe, inkunzi okanye ithokazi, asokuze zahlukane. La mazi ifumana iqabane layo ngexesha lokukhwelwa. Yabona, oko kuyahambisana nendalo enkulu kaThixo. Sesizathu Wenza u-Efa imveliso ephuma kwenye. Yabona? Ukuba wayenziwe

njengezinye imazi, xa kufika ixesha lokukhwelwa kwakhe, bekuya kuba kungona afumana iqabane lakhe; kodwa anganako nangaliphi ixesha. Yabona? Kwaye nantso indlela, nantso into ekuyiyo. Ndi nje... Asifuni kungena kulo nto, ngenxa yokuba ndinayo ku *Mtshato noQhawulo Mtshato*, nento enjalo. Kwaye indlela eku... Kodwa nangoko uhloniphekile kwaye uzise esa sidima, kwaye niyazi indlela endishumayele kuyo ngayo ngobunye ubusuku. Kulungile ke, qaphela, unoxanduva olokhulu.

<sup>124</sup> Kodwa ihobe lisoloko lithembakele kwiqabane lalo. Soloko! Alikhe lilishiye.

<sup>125</sup> Kwaye ndingakhe ndime apha nje umzuzu, ukuthetha oku: uMtshakazi wenyaniso, imazi yehobe, lithembakele kwiQabane lalo, nalo. Asoze lihlohle naziphi na iimfundiso zabantu, naziphi iimfundiso zamahlelo, nantoni na yehlabathi. Liyakuhlala lithembakele kwiQabane lalo, iLizwi; soloko lithembakele.

<sup>126</sup> Kwaye ngoku kuziphatha koku thanda ikhaya, ngoku ziphatha koku thanda kwalo ikhaya, lisetyenziswe ngempumelelo ukuba livukuthu lokuthutha imiyalezo. Ngokuba liyalithanda ikhaya, ulikhulula nokuba kuphi, liya kusoloko libuyela ekhaya. Liya kuya emva ekhaya.

<sup>127</sup> Singathanda ukugxininisa koko okwethutyana, kwaye nina maKristu niyakuyiqonda into endisingisele kuyo. Lisoloko liyifumana indlela yalo yokubuyela ekhaya, ngoko ke lisetyenziswe ukuba livukuthu lokuthutha imiyalezo. Liyasetyenziswa kwixesha lemfazwe, kwakunjalo; basa wasebenzisa, amavukuthu okuthutha umyalezo athuthe umyalezo. Ngoko uyabona ngoko, oko kwenza ihobe, kuThixo nakubantu bobabini, libe sisithunywa; ihobe sisithunywa. Lali sisithunywa kuNowa, ukuxelela uNowa ukuba “kukho uxolo kwakho.” Lali setyenziswe nguThixo ukungqina ukuba lo yayi nguNyana waKhe, “iDini lokuzisa uxolo emhlabeni nenkolelo ebantwini.” Lasetyenziswa njenge sithunywa.

<sup>128</sup> Kanye apha ndine bali elincinane engqondweni yam, ndafunda ngelinye ixesha okuphuma encwadini. Ngoku, andifuni kuthi oku kuqinisekile, kungaba kwi *Ukuya Ekupheleni Kwemfazwe Yokuqale Yehlabathi* Andiqinisekanga ngoko ngoku; ukuba uyaphosa ukuyibona, ngoko ke andichananga. Kuphakathi kokuba ndayifunda encwadini... sele kuyiminyaka emininzi eyadlulayo. Kodwa ngokuqinisekileyo yayi—yi... ngenene i—into ebukelekayo eyenzekayo.

<sup>129</sup> Amajoni aseMelika ayecinezelwe phantsi kukudubula kwemipu yohlobo lwemashini yamaJamani, baye bekuhlobo lomngxunya. Nina majoni, ndiyaqikelela, niyayiqonda indlela ababekwiphulo lokufumana inkcukacha ngotshaba ndaweni ithile. Baye becinezeleke phantsi, baye benentwana yembumbulu ezishekileyo. Aye amaJamani ehamba ngamaqela

amakhulu, engena kuyo yonke indawo. Baye besazi ukuba ngaphandle kokuba bafumane ukongezelelwa, uncedo oluthile, ukuba kungekudala baza kufa bonke; (kwakuzakuba njalo) amaJamani esihla kanye entabeni, ejonge kanye ezantsi entanyeni yabo, esiya kubo kanye ngolo hlobo.

<sup>130</sup> Waze omnye wabo kwenzeka ukuba akhumbule ukuba unehobe elincinane eliluhlobo lwe mascot, ivukuthu elincinci. Ngoko wayesazi ukuba elivukuthu, ukuba lingaphuma phaya, lingawuthwala umyalezo liwuse kundlunkulu apho babezinze khona. Kwaze ngoko bahlala phantsi baze babhala ephetsaneni, “Sicinezelwe phantsi kwindawo *ethile* kummango *othile*. Siphelelwe ziimbumbulu, kwiinyure ezimbalwa kuzakufuneka sinikezele okanye siyakudutyulwa sife ngobuninzi.” Baze bayicinezela lento, okanye bayibophelela kwi—kwinyawo leli hobe lincinci baze baliyeka lemka.

<sup>131</sup> Ngoku, liyintaka ethanda ikhaya, ngoko la...lenza ntoni? Lithatha indlela ebuyela ekhaya kwi...ukuhlangana, ukufumana iqabane lalo. Belinexhala ngalo, bekufuneka abuyele ekhaya.

<sup>132</sup> Kwaze njengokuba enyukela phezulu, amaJamani abe ekubonile okwenzekileyo. Ngoko into abayenzayo, baqalisa ukudubula kwihobe. Waze omnye wabo walichana ngongama 30 yombombo wompu wohlobo lwemashini, okanye imbumbulu, yophula umleze walo. Enye yakrazula isixa esikhulu emqolweni walo. Isifuba salo sityunyuziwe konke ukunqamleza. Elinye lamaphiko alo engxwelerhekile, isiphelo salo sidutyulwe sasuka, labe libhabha ngecala. Kodwa laqhubeka linyuka, laze ekugqibeleni layakufika. Lingxwelerhekile, lonzakalisiwe, lophukile, lityunyuziwe, kodwa lwaya kuwa enkampini nomyalezo. Yayi lihobe elikhulu elo.

<sup>133</sup> Kodwa, owu, mzalwana, u-Isaya ama-53 usixelela ngoMnye, wehla evela eKhaya kwaye oko konke kulungile.

*Kwaye yena uhlatywe ngenxa yezikrengo zethu, watyunyuzwa ngenxa yesenzo sethu esigwenxa: ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwakhe; saphiliswa ngemivumbo yakhe.*

<sup>134</sup> Isigulo, inkolelo, noosathana bebesicinezele phantsi, bekungekho ndlela yakuphuma, ibandla belihambe phosakeleyo, bebeye ecaleni kwizinto zobuhlelo (naBafarisi, Sadusi, nokuhlanjwa kweembiza namapani), laze iLizwi likaThixo lasingelwa phantsi. Kodwa eliHobe lincinane lehla, kwaye inye into engenzeka: kwakufuneka kubekho umhlawuleli.

<sup>135</sup> Kodwa etyunyuziwe, ophukile, ebethiwe, ekrazukile, kodwa Wayeyazi indlela Yakhe ebuyela eKhaya. Ngoko ukusuka emnqamlezweni waseKalvari apho baMtyumza khona, baMbotyoza, baMkrazula, njenge qela leengcuka phezu

kwaKhe, Walenza uhambo lokubhabha lwaKhe ukusuka eKalvari waze Wayokuhlela phantsi kumasango eZulu, esithi, “Kugqityiwe! Kugqityiwe! Bakhululekile! Isigulo singaphiliswa ngoku! Aboni bangasindiswa! Abathinjiweyo bangakhululwa!”

<sup>136</sup> Nangona ebetyunyuziwe kwaye ehlatyiwe, ela dabi lukhulu phaya xa nkqu yonke into ichasene naYe... Nkqu nembongi yakhala:

Amawa aqhekeka phakathi nesibhakabhaka  
esenza mnyama,  
UMsindisi wam wathoba intloko yaKhe waze  
wafa;  
Kodwa ikhuselo elivulekayo layityhila indlela  
Eya kuvuyo lwezulu nemini engapheliyo.

<sup>137</sup> Bendiliphakuphaku bonke ubomi bam. Njenge nkwenkwe encinane kukho into eyandibethayo, yandoyikisa, malunga njalo kwiminyaka esixhenxe ibisenzeka kum. Umzalwana uJack uyakhumbula xa ndandiqala, ndaphuma entsimini unyaka; into ethile nje yenzeka.

<sup>138</sup> Ndikhumbula umhla uJuanita Hemphill... ndicinga ukuba igama lakhe nguJuanita Kelly ngoku, utshate uMzalwana uKelly emva kokufa komyeni wakhe. U-Anna Jeanne, ndinazo ifoto zabo kunye nezinto, babe ngaba... Kwaye yena... Nawo lo mantombi mabini noDade uMoore bene—nesithathu esincinane. Bacula langoma endingayi libaliyo: *Ukukhangela Ngaphesheya Kokutshona Kwelanga*. Mzalwana uJack, uyakhumbula, ndiyaqikelela, sinyuka sivela eFlorida. Anjani ukulunga amancinane amantombi.

<sup>139</sup> Kwaye ndiyayikhumbula lantsasa iqela elincinane labakwaMoya bengaba lapha phezulu kwimida yangasentla yelizwe, eMichigan ndaweni ithile, lo mantombi ema phaya xa uMzalwana uHooper... ndimbonile apha ngobunye ubusuku, ndi... anganga bikho apha ngoku, Mzalwana uEd Hooper. Ingaba ulapha, Mzalwana uEd? Andicingi u... Ebehleli apha ngobunye ubusuku. Akukho namnye... Abaninzi kuni bayamazi. Yena nam, noMzalwana uHooley, sasinduluka. Abe lomantombi emi phaya ekoneni ecula okuya, basinika, ngamnye, umfiyo otyheli abawukhuphe ezinweleni zabo. (Kulapho lamntu ugula ngengqondo wayephilisiwe ezantsi phaya, into ezinkulu ezenzekayo.)

<sup>140</sup> Ndinyuka ngendlela ndonwabe njengokuba ndinako, konke ngesiqophe yandibetha; ekudluleni konyaka phambi kokuba ndingene entsimini kwakho, yandibulala nje.

<sup>141</sup> Sukela ndiyinkwenkwana, ndandisoloko ndisithi andiyazi ukuba umbono wawuyintoni. Inkwenkwana, ndandisoloko ndisithi, “Ukuba ndi—ndingakhe ndingene kwelinye lalamathongo, ndikubone oko, ndiyakuphila.” Ngelo xesha...

ndandisoloko ndifuna ukuya kwaMayo ndiye kufumanisa ukuba yintoni undonakele. Oogqirha phaya . . .

142 Isisu sam siba muncu; kwaye owu, bethu! Umzalwana uJack ukhe wandinceda endlini. Ndihamba ndijikeleze indlu; kwaye nje ashushu angathi ngamafutha amanzi, etsiba ukuphuma emlonyeni wam. Kwaye ndize epulpitini, ze ndithandazele abantu abaphatheke kakubi ngokuphindwe kabini obuya bubi, baze baphiliswe. Ndibenze babeka isandla sam kwindoda enomhlaza ebusweni, waze umhlaza wabushiya ubuso bayo, imi apho; ndabe mna ndigula kangako ndingenako ukuma ngenyawo.

143 Kwaye anikwazi ukubulaleka endidlule kuko; nje uxinzelelo lwengqondo. Njalo kwiminyaka esixhenxe iyeza, bonke ubomi bam. Kulapho ndikhoyo ngoku, ezisixhenxe izibhozo.

144 Ngoko bendi—bendinxizelelekile; ndakhala, ndacenga, ndabongoza.

145 Kwaye ndiyakhumbula xa ekugqibeleni ndandicinga ndinemali eyaneleyo yokuya kwaMayo ukuya kuhlolwa; bathi, “Bayakuyifumanisa yintoni ingxaki yakho.” Unkosikazi nam, noBecky emva phaya . . . uSarah ebengomncinci, intwanana yomfokazi. Ndandingena nje kulungiselelo lwam lwempiliso. Saze saya kwaMayo.

146 Ndanqumla kwikliniki. Kwaye kubusuku phambi kokuba ndifumane . . . ndanezokugqibela kwintsasa elandelayo, ndandisandula kuvuka nje ndabe ndihleli apho ebhedini ndijonga jonga. Ndaze ndajonga phaya phambi kwam, kwaye kukho inkwenkwe encinane, ikhangeleka njengam, malunga neminyaka esixhenxe ubudala; ndaze ndayijonga, *yabe* indim. Yaye imi ngakumthi omdala ofileyo. Kwabe kulomthi . . .

147 Nabani kuni bazingeli bonomatse uyazi ukuba ungakhuhla ikhuni ulihlise ulinyusa emthini ngolohlobo, kwaye iyakumoyikisa unomatse ze imkhuphe ebaleka ukuba ukulo mngxuma.

148 Ndaye ndandibona phaya apho lanomatse wayekho, ndaze ndacinga, “Hlobo luni lonamatse eliya?” ndaze ndalikhuhla. Ndaze xa ndenzayo, ndajonga ngaphaya yabe indim ngoko xa ndandine minyaka emashumi amathathu anesibhozo ubudala, inkwenkwe encinane ingasekho. Ngoko ndalikhuhla elasebe, kwaze ukuphuma kulomngxuma wesikhondo somthi, ipali, kwaphuma unomatse omncinci obude bumalunga *kangaka*, emnyama, phantse abe mnyama, kwaye kubonakala ngathi yimibane emincinci itsiba ukusuka kuye; amehlo amancinanana anolunya, eyona nto ikhohlakeleyo ndakha ndayibona, ibonakala ngathi yinyengelezi ngaphezu konomatse.

149 Waze wajonga kanye kum. Ndaze ndavula umlomo wam ukuze ndithi, “Kuhle . . .” Kwathi xa ndenzayo, wa . . . Phambi kokuba wawunokuqhwanayaza imehlo lakho, wabhabha

wangena kanye emlonyeni wam, wehla ukungena esiswini sam, waye endinqunqa nje. Kwathi njengoba ndiphuma kumbono, izandla zam ziphezulu, ndijongile, ndakhala, “Owu Thixo, yiba nenceba! Iyandibulala!”

<sup>150</sup> Ndeva iZwi ezantsi egumbini, lathi, “Khumbula, izi intshi ezintandathu kuphela ubude.”

<sup>151</sup> Bangaphi abakhe baliva elobali? Ndinixelele oko amatyeli amaninzi, abantu abangqonge umnquba.

<sup>152</sup> Kuhle, oko oko iqhubeka, ndibulaleka nje ngokufanayo.

<sup>153</sup> Amadoda azalwa kwaMayo, ngosuku olulandelayo, bandihlola. Bathi, “Utata wakho waye eyindoda yom-Irish, esela. Umama wakho abe engumxube weNdiya, lonto ikwena uphantse ube yimveliso yomxube. Ngoko uyakuba...u—u—unonxinzelelo lwemithambo kangako de ube asokuze uphume kweso simo.” Bathi, “Ngaphandle koko, usempilweni. Kodwa oko, oko yinto esemphefumleni umntu angena kuyilawula.” Bathi, “Uya...” Bathi, “Xa umntu esifa, akwazeki ukukhangela unobangela, kuba umphefumlo wakhe awusekho.” Wathi, “Kuhle, asokuze udlule kuyo.”

<sup>154</sup> Waze lamfo wathi, ugqirha wam omdala, wathi, “Utata wam wayenayo, wafa malunga namashumi asibhozo-anesihlanu, alithoba iminyaka ubudala,” malunga nalapho, watsho. Waze wathi, “Inyanga okanye ezimbini phambi kokuba afe, ndamxilonga; enayo bonke ubomi bakhe, wayezifumana” watsho, “olohlaseleko.”

<sup>155</sup> “Abanye abantu,” wathi, “bayalufumana, banomsindo omninzi”; wathi, “nalo uhlobo oluya kukubulala.” Wathi, “Olunye uhlobo, njengabafazi xa beyeka ukuya exesheni, bayalila. Wena unoluhlobo lokuziva ngokungaqhelekanga.” Wathi, “Abakudala babedla ngokuyibiza unokumatsheka, ibingemki kubo.” Wathi, “Xa lonto ikubetha, isisu sakho siba muncu; ubengoqunjelweyo.”

<sup>156</sup> Ndathi, “Kodwa, mhlekazi, andenzi nto.” Ndathi, “Ndonwabile.”

<sup>157</sup> Wathi, “Kunjalo. Oko yinto nje engaphandle kokufikelela komntu.” Wathi, “Uyakusoloko unayo.” Owu, enjani ukutyhafisa into!

<sup>158</sup> Kodwa amagama, ukuyicinga, “Khumbula, izi intshi ezintandathu kuphela ubude,” yahlala ijinga kum lonto, njengoko inkosikazi yam ethandekayo emva phaya ingakuxelela. Unyaka emva konyaka, bendiyicinga lanto.

<sup>159</sup> Kwaze ngoko, ukuya phesheya kwelwandle kwelityeli lidlulileyo, bendi...ngaphambili. Kuhle, bendibuyile ekhaya, ndaye ndikuhambo lokuzingela onomatse. Ndatsiba ukuphuma emotweni kunye noMzalwane uBanks Wood, omameleyo ngobu



busuku, ndaze ndaqalisa ukubaleka ndinyuka induli, kwaye kubonakala ngathi intliziyo yam ingatsiba iphume kum.

160 Ndaze ndabuza uGqirha Sam Adair, ndathi, “Yintoni eyenza lanto?”

161 Wathi, “Xa uphinda usiba nayo, fumana ifoto yesifuba.”

162 Ndathi, “Kulungile.”

163 Ngoko yenzeka kwakhona ku—ku nyaka olandelayo, ndaze ndaya ndathatha ifoto yesifuba. Wathi, “Akukho nto ingundonakele entliziyweni,” wathi, “uphakuphaku nje.” Yaqalisa ukuza ke ngoko.

164 Kuhle, omnye ugqirha wathi kum, umhlobo omkhulu wam, wathi, “Yintliziyo yakho leyo, mfana,” wathi “kungcono ulumnke.” Ngula nyaka ndatsalela umnxeba uMzalwane uMoore waze wafumana umntu othile ukuba ashumayele endaweni yam, xa ndaya kola zingelo lwenkunzi yegusha kunye noMzalwane uFred. Ndandinyuka iintaba nje ngoko ndandisenza xa ndandine shumi elinesithandathu iminyaka ubudala, imayile emva kwemayile, ndibaleka; ingandihluphi nakancinci. Yabona?

165 Ndabuya ndamxelela uSam. Wathi, “Kuhle, ukho undonakele, kungcono ulumnke.”

166 Ndaze ke ndabona umbono wogqirha omdala emi nezo. . . uhlobo lwakudala logqirha ne-stethoscope engalweni yakhe. Wathi. . . Wayemi phambi kwam ngenye imini, wathi, “Musa ukuvuma bakuxele ‘ukuba yintliziyo yakho,’ sisisu sakho.”

167 Ngoko, Nda—ndacinga, “Kuhle, ndizakuthatha nje ela Lizwi, kuba yayi ngumbono. Owezayo.”

168 Ndaqalisa ukuya e-Afrika; ndafumana iinaliti ezithile. Kwafuneka ndithathe igquba leenaliti phambi kokuya e-Afrika, ngumthetho lowo. Ngoko, xa ndandifumana ezinaliti, wati, “Kutheni, andifumani nanye into engundonakele nawe.” Wathi, “Isibomvisi-gazi sakho, igazi lakho ngamashumi alithoba anesithandathu, ngamashumi alithoba anesithandathu.” Wathi, “Ukuba ubuneminyaka elishumi elinesithandathu iminyaka ubudala, belingayi kuba—belingayi kuba ngcono.” Waze wathi, “Kulikhuni ngokwaneleyo ukukodlula iminyaka elikhulu. Iziphunga, yonke into,” wathi, “konke kuwe kulungile; akukho swekile, akukho nto.”

169 Ndathi, “Enkosi.” Ngoko ndafumana ukuhlolwa kwamandla omzimba, ze—ze ndithathe ndise i—iphepha lam lezempilo kwibhunga.

170 Ngoko, wathi, “Kukho into oyaziyo ngayo?”

171 Ndathi, “Akukho nto kodwa bubumuncu obungapheliyo esiswini lonke ixesha.”

172 Wathi, “Kuhle, ndiya kukuxelela.” Wathi. . .

173 Ndathi, “Owu, ndihloliwe. Ndiyile kuMadoda akwaMayo, nakuzo zonke indawo.”

174 Wathi, “Kodwa linda umzuzwana.” Wathi, “Ngamanye amaxa isilonda sesisu siba sincinci de okwa kutya kwe Isiqalelo esithile esimhlope esithambileyo kungayibonisi; kwaye ngamanye amaxa sibe sikhulu kakhulu ukuba ingabonakala, ngokuba i x-ray isisithunzi sodwa. Kwaye intwanana yesilonda sesisu, awunakuyibona, ayaneli ukuncamathela. Uninzi lwezilonda zesisu ezincinane zingayenza lonto.” Wathi, “Ndazi ugqirha omdala phezulu apha ofumene isixhobo, banaso ngoku; banga kulalisa ngentwana ye sodium pentothal, bafake umbhobho emqaleni wakho, baze nje bajonge kanye ezantsi esuswini sakho baze babone yintoni undonakele.” Wathi, “Wa...” Wathi, “Uluhlobo lwabantu benu, ungumKristu.” Wathi, “Kutheni ungayi uyokumbona.”

175 Ndathatha igama lakhe: Gqr. Van Ravensworth. Ngoko, xa ndibuya, ndaya kumbona lo gqirha mdala. Owu, uyindoda elungileyo endala esuka eDutch East Indies, uphuma kuluhlu olukhulu lwabaseki mabandla. Kwaye ebekhe wava ngam kwaye wafunda incwadi yam, kwaye owu, wabamba nje isandla sam, wathi, “Mzalwane uBranham, ndingavuya ukukwenzela lonto.” Wathi, “Ndakuxelela into omawuyenze; kule veki izayo uye ngaphaya esibhedlele ngapha,” waze wathi, “uze unditsalele umnxeba phambi kokuba uye.” Waze wathi, “Kufuneka ndikunike intwana yenaliti ye pentothal.” Waze wathi, “Xa ndenzayo,” wathi, “ikulalisa imizuzu emihlanu.”

176 Intombi yam encinci ibisandula kuyithatha ukuze kukhutshwe izinyo, nentombi encinci kaMzalwane uNorman. “Ukulala imizuzu emihlanu,” ndacinga, “ayiyi kundihlupha lonto.” Ngoko, ndacinga ukuba ndiyakwaneliseka ke ngoko, ukuyijonga.

177 Kwaze kwintsasa elandelayo, ndaphakama ebhedini ndaze ndajongajonga, ndajonga kwibhedi yababini; inkosikazi yam ingaphaya, ingekavuki. Ndaye ndijonge ngaphandle kwefestile ngakwezinkulu iiNtaba zeCatalina phaya apho ndihlala khona, ndaze ndajonga phaya apho iNgelosi yeNkosi yabeka khona elaKrele esandleni sam, apho iiNgelosi ezisixhenxe enizibonayo emfanekisweni zabonakala khona, izinto ezinkulu ezenzekayo.

178 Ndaze ndajonga, ndaze ngexa ndijonga, nako ndimi ngakula mthi kwakhona, kanye apho wayekho la nomatse. Ndajonga phezulu phaya, ndacinga, “Ngumqolomba wala nomatse lowa.” Ndaze ndacinga, “Ingaba use phezulu phaya na?” embonweni. Ndakrwela icala lomthi, waphuma. Ndaze phambi kokuba ndiqhwanayaze imehlo...Waye ngonenkangeleko engaqhelekanga unomatse endakha ndambona; ngoku, kuya kufuneka wazi ulungiselelo lwam ukuze wazi ezimpawu nezinto.

Wanditsibela kodwa wandiphosa; wawuphosa umlomo wam, wabetheka esifubeni sam waze wawa phantsi.

179 Kwaze ngokukhawuleza ukuba enze njalo, ndeva iNto isithi, “Yiya kwiiNtaba zeCatalina.”

180 Ngoko ndaguquka, ndathi, “Meda, ingaba uhleli, Sthandwa?” Ndaze ndamvusa.

181 Wathi, “Yintoni undonakele?” Malunga nentsimbi yesihlanu kusasa.

182 Ndathi, “Bendijonge phandle phaya, ndaze ndawubona lanomatse kwakho, Sthandwa.”

183 “Owuphi unomatse?”

184 Ndathi, “Lowa ndambona phaya ndikwaMayo.” Ndathi, “Yazi yintoni? Uwuphosile umlomo wam kwelityeli, awundibethanga, uwe esifubeni sam.” Ndathi, “Makadunyiswe uThixo! Ndajonga, owu, sukela ndiyinkwenkwe encinci, ndakulangazelela ukuyibona lanto isenzeka. Ukuba bendinokuyibona lanto isenzeka, hayi ne... Phambi kokuba ndazi ukuba umbono yintoni, ukuba bendinokuyibona lanto isenzeka, ngoko ke ndathi, kuyakulunga konke kum. Nantoni na okuya kundixelela kona okuya, ndiya kuba yilonto. Kwaye iminyaka emashumi mane ndiyijongile lanto ukuba yenzeke, nako ke yenzeke.”

185 Ngaphambili, xa ndandikwaMayo, ngexesha elinye xa ndandiphaya xa babandinika lamyalezo, ndaze ndabona umbono...

186 Umama wam omdala sele wemnka ukuya eBuqhaqhawulini ngoku, umfazi ongaqhelekanga kakhulu. Waye na malunga namathathu okanye amane amaphupha ebomini bakhe, kwaye ayesoloko enyanisekile. Wayeye andixelele, kwaye i... Waye ye aqale ukundixelela, ndize ndixele... ndithi, “Yima kanye... Mama, ndiya kukuxelela ukuba sithini isiphelo salo.” Yabona?

187 Ngoba soloko xa undinika iphupha ukuba ndilitolike, awusoloko undixelela nje ngqo into eliyiyo. Ngoko ke xa ndilibona kwakho, ndibona ngqo lento uphuphe ngayo, zeke Andixelele into eliyiyo. Yabona? Akudingeki ukuba undixelele ukuba liyintoni iphupha, Uyandibonisa iphupha ngokwaKhe. Yabona? Kuze ke ndibone, ndithi, “Kuhle, awundixelelanga *oku* kwaye awundixelelanga *okuya*.” Yabona? Kwaye ke loThixo ukwazi ukutolika iphupha, unokulibonisa iphupha; Unako ukulibonisa, Unako ukulitolika. Kuze ke ngoko...

188 Kuhle, yayingekho na into enjalo eBhayibhileni, wathi, “Ukuba unako...”? Ndi—ndi... Kwenzekile nje ukuba ifike kum. Daniyeli, yayingeyiyo? Hayi, uYosefu—uYosefu. Kuhle, isendaweni ethile eBhayibhileni. Ndisandula kuyikhumbula nje lonto, wathi, “Ukuba ungandibonisa... Ukuba ungandixelelela

yintoni e . . .” Owu, nguKumkani uNebhugadneza, injalo. Wathi, “Ukuba unako . . . Ukuba awunako . . .”

<sup>189</sup> Izakhwitsi zathi, “Ndixelele iphupha.”

<sup>190</sup> Wathi, “Limnkile kum.” Kunjalo, lanto, ndiyayikhumbula lanto; ndicinge nje ngayo ngoko.

<sup>191</sup> Ngoku qaphela. Kwaye uMama, wathi, “Billy,” xa ndibuyayo, wathi, “yiza apha, nyana, uhlale phantsi.” Wathi, “Ndibe nephupha elingaqhelekanga. Ndiphuphe ndikubona ulele ugula, umalunga nje nokufa, nesisu sakho ngokuqhelekileyo.” Zingaphi iindlela zokutya andiphekele zona! Waze wathi, “Ubusakha indlu phezu kwenduli.” Waze wathi, “Ndabona amathandathu amahobe amhlophe esihla evela ezulwini, enggumshela, enze unobumba u ‘S’ aze ahlala esifubeni sakho. Wabe wena ujongile, kwaye eli liphambili lalizama ukukuxelela into.” Wathi, “Ayebengezela ngenene, emhlophe, amahobe. Aze athatha iintloko zawo ezincinane azibeka esidleleni sakho, aye eqhubeka, ‘khuu, khuu, khuu.’” Waze wathi, “Bendingayiqondi.” Wathi, “Aqhubeka nje esitsho, ‘khuu, khuu, khuu.’”

<sup>192</sup> Ndathi, “Owu, ndiyayibona, mayidunyiswe iNkosi!” Ndaze ndathi, “Enze lanobumba wawo u ‘S’ kwakho aze abuyela phezulu esibhakabhakeni, esitsho ‘khuu, khuu, khuu, khuu,’ ebuyela ekhaya.”

<sup>193</sup> Kuhle, isilwanyana esincinci endasibonayo sasi zii-intshi ezintandathu ubude. Uludwe lwamahobe uMama awawabonayo ayemathandathu, isithandathu asiphelelanga. Ndandisazi ukuba ngenye imini ndiyakulibona elesixhenxe. Yayingumntu lowo, ebulaleka; ngolo hlobo yaqhubeka.

<sup>194</sup> Ngala ntsasa, ndaphakama emva kokubona lo mbono; ndathobela iNkosi. Ndathatha inkwenkwe yam encinci, uJoseph, ndamsa esikolweni. Undimamele ngoku, eTucson. Ndamsa esikolweni, ndaxelela uMeda andazi ukuba ndiyakubuya nini.

<sup>195</sup> Ndaze ndenyukela kwiCatalina, phezulu kwi—kwi nduli, ndaze—ndaze ndenyukela kwindawo apho iNgelosi yeNkosi yabeka iKrele esandleni sam. Kusekusasa ngenene; ndaqalisa ukunyuka intaba.

<sup>196</sup> Kuhle, endaweni yokunyuka iincopho *ngale* ndlela (kuba kukho iinyoka ezininzi, oonomadudwane, niyazi indlela eyiyo iArizona), ndaguqukela ekunene kwam; Into ethile yathi, “Guqukela ekunene kwakho.” Ndaya ezincotsheni; ndajikela, ndaye ndijikela kula matye makhulu, aphinda phindwe kaninzi ukuba makhulu kunalo mnquba, ahleli phaya kweza ncopho phaya apho kunqabileyo ukuba umntu abe nokufika.

<sup>197</sup> Kwaze malunga nentsimbi yeshumi elinanye, ndandingena kumqolomba omncinane, emva apho abanye . . . indawo encinane ejike *ngolu* hlobo ngaphaya kwendlela encinci

yamaqhude. Ndaye ndiyikhulule ihempe yam, umnqwazi wam usesandleni sam, ngokuba ndandimanzi nje ukubila. Ndaze ngoko ndangena phaya, ndaze ngexa ndingena kula mqolomba umncinane, ndabuva ubukho beNkosi. Ndothula umnqwazi wam ndajonga jonga. Ndacinga, “Ulapha ndaweni ithile. Ndiyazi ukuba Ulapha.” Ndacinga, “Yintoni?” Ndenza amanyathelo ambalwa. Ndathi, “Nkosi, Ulapha ndaweni ithile.”

<sup>198</sup> Ndaze ndajonga kulele endleleni, kwaye nako kulele lanomatse mncinane; ubutsibele into ethile wayiphosa, waze wabetha igquba lesityalo esinameva (izityalo ezinameva atsibayo). Awuhlaba entloko, esifubeni, esuswini, wabe efile. Lanomatse unenkangeleko engaqhelekanga, ubuwuphosile umlomo wam waze wabetha esa sityalo sinameva. Laze iLizwi leNkosi lathi, “Utshaba lwakho lufile.” Ndema apho, ndaze ndangcangcazela. Ndathatha unyawo lwam kunye ne . . .

<sup>199</sup> Ngokuqhelekileyo amahlungulu ngesele ewutyile. Ndabulala inyoka, kwintsuku ezimbalwa emveni kunoko, yalala endleleni malunga nesiqingatha seyure. Kusoloko kukho amakhozi namahlungulu abhabha phaya, kwaye ziyakuyichola kanye ngoku. Ndabulala inyoka inyushu, yeyona nyoka inobungozi esinayo; ilele ngqo ecaleni kwam, intsuku ezimbalwa emva koko. Ndaqalisa ukubuya ukuba ndiyichole ukuze ndibonise ngayo, amahlungulu abe kudala eyithathile, amahlungulu adlulayo.

<sup>200</sup> Wabe lo elele phaya sukela ndabona umbono, intsuku ezimbini ngaphambili; ndiyakholwa bekungoMgqibela, ndaze ndaya phaya ngoMvulo. Ngoko nanko elapho, elele apho efile. Ndawubotoyoza ngonyawo lwam.

<sup>201</sup> Ndaya emva ndajikela, ndahlala phantsi kwakho; ndahlala apho ndalila ixeshana, ndaze ndathandaza; ndijonge ezantsi eTucson, iimayile ezantsi kwam.

<sup>202</sup> Ndaguquka ndabuyela emva, wabe esalele phaya. Xa ndangenayo kulamqolomba uMoya kaThixo weza phezu kwam kwakho.

<sup>203</sup> Ndaya ndajikela, ndehla entabeni. Ndangena ndaxelela inkosikazi yam, ndathi, “Sthandwa, andiyazi njani, kodwa ndizakudlula kule nto.”

<sup>204</sup> Ugqr. Ravensworth, xa endinika ukuhlola, wathi, “Akunakwenzeka ngokupheleleyo ukuba uphile.” Wandinika inaliti ye pentothal ibiza kundigcina imizuzu emihlanu, ndaze ndalala iyure ezilishumi. Ngoko okuya, nkqu nelentloko iyeza liyandilalisa. Ngoko ba . . .Wandinika inaliti, wafaka lambhombho emqaleni wam. Xa ndifika kwi, waze wandixelela kwintsasa elandelayo, wathi, “Mfundisi, ndikuthiyile ukukuxelela oku, kodwa” wathi “amadonga esisu sakho ade alikhuni, omile.” Andizange ndiyibone; usebenzise igama *ukukrala kwesisu*, ndaze ndaya ndajonga kwisichazi magama

saze sathi, “into evuthulukileyo.” Waze wathi, “Awunakudlula kuyo.” Wathi, “Uyakusoloko unayo.” Kwaye bendiyakuba ngumfana otyhafileyo ukuba bekungakhange kube ngenxa yombono weNkosi.

<sup>205</sup> Kwaye ngosuku olulandelayo Into ethile yathi, “Buyela entabeni.”

<sup>206</sup> Ndaze ngalo mini endaweni yokuya ngendlela enye, ndakhokeleleka ukuya ngenye indlela. Ndaye ndimi apho; kwaye ndijongile, kuhleli phambi kwam, kwaye nako kuhleli eliya lincinane lesixhenxe, ihobe elimhlophe, lijonge kanye kum. Ndahlikihla amehlo am, ndathi, “Ngokuqinisekileyo, ngumbono; ngokuqinisekileyo, nguwo.” Ndajonga, ndaze ndathi, “Hobe elincinane, uvela phi na?” Lilihle nje kwaye limhlophe, bekungaba livukuthu; nokuba ibiyintoni, kude kulantlango.

<sup>207</sup> Thixo uSomandla, Owavusa uYesu Kristu kwabafileyo, endingumkhonzi waKhe, kwaye iLizwi laKhe lilele apha, livulekile phambi kwam, yazi ukuba ndithetha inyaniso andixoki.

<sup>208</sup> Nalo lihleli apho ihobe, lihleli apho lijonge kum. Ndahamba ndijikeleza, ndacinga, “Ngokuqinisekileyo, ngumbono.” Ndajika intloko yam, ndajonga emva, labe nalo lihleli phaya; lawo mancinane, amhlophe amaphiko, enje ngekhephu njengokuba enako; ezakhe ezincinane, inyawo ezityheli; nomncinane, otyheli umlomo; lihleli apho lijonge kum. Lalijonge kanye ngqo kwicala lasentshona. Ndalijikeleza *ngolo* hlobo, ndingafuni kulichukumisa. Ndanyuka apho kulendledlana yentaba; ndajonga emva, labe lise lapho lindijongile.

<sup>209</sup> Mzalwane, njengonyana ka-Abraham, andikunanzi andixelele kona ugqirha, ndizakuphila, nakanjani!

<sup>210</sup> Kusuku lwesithathu ndabuyela, bendinyukela phezulu. Kwaye abaninzi kuni bayazi ngombono malunga nenkosi yamaNdiya ikhwele ihashe kweladonga liya entshona. Into ethile inditsalele kwiliwa elikhulu, malunga nombindi wemini, yathi, “Beka izandla zakho kokuya uthandaze.” UThixo eZulwini uyazi ukuba oku yinyaniso.

<sup>211</sup> Ndabeka izandla zam eliweni ndaze ndajonga phezulu eZulwini ndaze ndaqalisa ukuthandaza. Ndeva iZwi liphuma phezulu kwamawa apho, lathi, “Woyame ngantoni, ngasentliziyweni yakho?” Ndaze ndaphakama ukubuya umva ngolu hlobo, amagxa am aze; ndize ukusuka esinqeni ukunyuka, kushushu. Ndajonga emva. Kwaye kubhaliwe apho kwikwartsi, elityeni, “Ikhozi Elimhlophe”; nje ngqo lento umbono ubuthe uMyalezo olandelayo uza kuvela ngayo.

<sup>212</sup> Ndathabetheka kangako, ndabaleka ukuya ekhaya; ndafumana ikhamera ndaze ndaya kusuku olulandelayo, ndaze ndathatha ifoto yayo. Yayi selapho, kubhalwe eliweni: “Ikhozi Elimhlophe.” (Ihobe likhokela ikhozi.)

<sup>213</sup> Ngandlela ithile, ndi—ndiyazi. Ndiza kunixelela phambi kokuba yenzeke. Ugqirha ungolungileyo ugqi-...olungileyo ugqirha, akukho mathandabuzo; ndi—ndicinga uyindoda elungileyo. Kodwa ndi—ndiyazi ndizakudlula kuyo. Kuphelile! Igqityiwe, kwaye ndiza kuphila!

<sup>214</sup> Kwaye bendicinga ngexa uErnie ebecula langoma kwithuba elidluliyelo, *Kumaphiko Ehobe*. Ihamba njani indlela yokuyicula? Ndiqalele yona, Ernie.

...kumaphiko...elimhlophe njengekhephu  
ihobe, (yicule kunye nam)  
UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Yayingumqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

<sup>215</sup> Ndiyaqonda uErnie wenze ivesi zambini zoko. Ndizakunenzela ezintathu ivesi.

UNowa wayehamba nomsinga  
Kunogumbe iintsuku ezininzi,  
Wakhangela umhlaba,  
Ngandlela ezahlukileyo;  
Ingxaki wayenazo ezithile,  
Kodwa zingaveli ngasentla,  
Ngoba uThixo wamnika umqondiso waKhe  
Kumaphiko ehobe.

Kumaphiko elimhlophe, njengekhephu ihobe  
UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Yayingumqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

UYesu, uMsindisi wethu  
Weza emhlabeni ngenye imini;  
Wayezalelwe esitalini samahashe,  
Kumkhumbi wesitali wengca;  
Nangona apha elahliwe,  
Kodwa hayi ngasentla,  
Ngoba uThixo wamnika umqondiso waKhe  
Kumaphiko ehobe.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe  
UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Owu, umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

Nangona ndibulalekile  
Ngandlela ezininzi,  
Ndalilela impiliso  
Zombini imini nobusuku;

Kodwa ukhoho lwaye lungalityelwanga  
 NguBawo ngasentla,  
 Wandinika umqondiso waKhe  
 Kumaphiko ehobe.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
 UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
 olumnandi uthando lwaKhe,  
 Owu, ngumqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe  
 UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
 olumnandi uthando lwaKhe,  
 Yayingumqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

<sup>216</sup> Thixo othandekayo, ndiyakubulela Wena ngezi zinto, Bawo. Unike uNowa umqondiso, Unike ihlabathi umqondiso, waze Wandinika nam umqondiso. Kwaze kusuku olulandelayo, ndibona elakhozi libhabha, Owu Thixo, kukho uMyalezo ovelayo ngoku, yaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uvumele iHobe likhokele. Sinike oko, Nkosi. Indikhokelele kukhoho endingazange ndibenalo ngaphambili. Ndiyazi, Thixo, ndiyazi kuzakulunga; ngoku ndiyakubulela Wena ngayo, Bawo.

<sup>217</sup> Kwaye, ngobu busuku, thumela uhle uMyalezo Wakho kwakhona, Nkosi, kumaphiko eHobe leLizwi. Sinike oko, Bawo oseZulwini othandekayo. Kwaye ngamnye odlula kweli qonga, ngobu busuku, nangaphandle phaya kwimihlangano elizweni ngokubanzi, linga iHobe laKho elikhulu lokhoho lingehlela ezintliziweni zabo ze libanike ukhoho, Nkosi, ukwenzela impiliso yabo. Khumbula ukuba uThixo akangomkethi wabuso. Wayenako ukuthumela uMyalezo kuNowa, enokuWuthumela kuYohane uMbaptizi, enokuWuthumela kum, unokuWuthumela nakwabanye.

<sup>218</sup> Ndiyathandaza ukuba ela Hobe libhabhele kwintliziyo nganye ngawo lomzuzu, Nkosi, ngoWalo omncinane, wegolide umlomo, ze lisebeze oko, “Ngemivumba yaKhe. . . Ngamanxeba nemivumba Yam uphilisiwe.” Thixo, sinike ukuba izigqitho zethu zicinywe, ukwenza ukungalungisi kwethu sikuxolelwe, kwaye kwaye izigulo zethu ziphiliswe. Isezandleni zaKho, Bawo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Intloko zenu ziqubudiwe nje umzuzu omnye ukongeza.

<sup>219</sup> Bangaphi apha abangathanda ukuthi, ukuba unako yaye ufuna ukutsho oku, “Mzalwana uBranham, bendisenza phosakeleyo bonke ubomi bam. Bendikufuna ukukhonza uThixo, kodwa ngobu busuku ndikulungele ukunikezela. Thandaza uThixo, ukuba ela Hobe libhabhele entliziweni yam ngobu busuku. NdiyaLiva liphaphazelisa amaphiko aLo njengokuba Lingena”? Phakamisa izandla zakho, ungakwenza



oko? Apha kwisihlwele esibonakalayo, bethu, kuso sonke isakhiwo.

<sup>220</sup> Kude phaya nakwizihlwele elizweni banzi, kude phezulu kuMzalwana uHunt kunye noMzalwana uColeman, ukuya kuMzalwana uLeo nabo, ukuhla ukuya eTucson, nangapha eMnqubeni kaBranham, kwiNxweme laseNtshona ngokubanzi, phakamisani izandla zenu kuyo yonke indawo: “Ndifuna iHobe libhabhele entliziyweni yam ngobu busuku. Ndizisele uthando olumnandi lukaThixo kumaphiko eHobe elimhlophe, uMoya oyiNgcwele. Luzise kum, ngobu busuku, Nkosi, uze ufake entliziyweni yam ukhohlo endiludingayo.”

<sup>221</sup> EGameni likaYesu Kristu, ndiyathandaza, Thixo, zixolele izono zethu. IHobe elingxwelerhiweyo liwubuyisile uMyalezo, Owu Thixo, “Kugqityiwe!” Siyayikholwa lonto. Sinike nje ukhohlo lokuYikholwa, siyathandaza. EGameni likaYesu. Amen.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
UTHixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Yayingumqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

<sup>222</sup> Lalivela phi ela hobe? Andiyazi. Belingenakuba phaya phandle kulantlango ngola hlobo. Hayi, hayi! Hayi, belingenakuba phaya. Kwaye kutheni belimhlophe? UBawo oseMazulwini uyazi belimhlophe oku kwale hempe yam. Nako lihleli apho.

Kodwa bekukumaphiko elimhlophe  
njengekhephu ihobe,  
UTHixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Owu, umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
UTHixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Owu, umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

<sup>223</sup> Owu, awuziva uthobekile ngenene? Masibambeni nje izandla omnye nomnye, ze siyicule.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
UTHixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

<sup>224</sup> Masiphakamisele izandla zethu kuYe, ze siyicule.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
 UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
 olumnandi uthando lwaKhe,  
 Umqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

UNowa wayehamba nomsinga  
 Kunogumbe iintsuku ezininzi,  
 Wakhangela umhlaba,  
 Ngendlela ezahlukileyo;  
 Ingxaki wayenazo ezithile,  
 Kodwa zingaveli ngasentla,  
 UThixo wathumela ezantsi umqondiso waKhe  
 Kumaphiko ehobe.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
 UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
 olumnandi uthando lwaKhe,  
 Owu, umqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

UYesu, uMsindisi wethu  
 Weza emhlabeni ngenye imini;  
 Wayezalwe esitalini samahashe,  
 Kumkhumbi wesitali wengca;  
 Nangona apha elahliwe,  
 Kodwa hayi ngasentla,  
 UThixo wasinika umqondiso waKhe  
 Kumaphiko ehobe.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
 UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
 olumnandi uthando lwaKhe,  
 Umqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

<sup>225</sup> Kutheni, mna indoda endala, ndabulaleka ubomi bam bonke, kutheni Endiphilise ngoku? Ndiyakholwa ukuba ndizakuwuqabela lomzila kwakhona, kufuneka ndizise uMyalezo! Kwaye ndithi kuBawo wam, ngobu busuku, (njengoko uJunior ebone e—ephupheni ngobunye ubusuku okwamaphiko eliHobe, kushukuma kwezi festile apha), Nkosi, umkhonzi waKho uyangena emsebenzini. Amen, ndikulungele!

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
 UThixo wathumelela mna ezantsi olunyulu,  
 olumnandi uthando lwaKhe,  
 Umqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

<sup>226</sup> Masikholwe ngoku ukuba Uyahamba hamba phezu kwesihlwele.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu...  
 (Silindile, Nkosi.)  
 UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
 olumnandi uthando lwaKhe,  
 Umqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

227 Nina banamakhadi okuthandazelwa, *kweli* cala lezitulo apha, yizani ngaphambili ngapha; phakamani, yizani ngaphambili kweli cala lezitulo apha, ngapha ngolu hlobo.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
 UThixo wathumela olunyulu, olumnandi  
 uthando lwaKhe,  
 Umqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

228 Abo banamakhadi okuthandazelwa *kulo* mgca, phumelani ngasekhohlo lenu.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
 UThixo wathumela olunyulu, olumnandi  
 uthando lwaKhe,  
 Umqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

229 Abo . . . [Indawo engenanto ekhasethini-Mgq.]

Owu, kumaphiko elimhlophe njengekhephu  
 ihobe,  
 UThixo wathumela olunyulu, olumnandi  
 uthando lwaKhe,  
 Umqondiso ovela ngasentla,  
 Kumaphiko ehobe.

230 Belivela phi ihobe phezulu phaya entlanga? Ndiya kuthetha oku: uThixo wabona uAbraham ebedinga inkunzi-yegusha ukwenzela umqondiso, Ungu *Jehovah-jireh*, “iNkosi inako ukuZibonelela idini.” Ukucinga ngayo! LoThixo umnye, ngempembelelo enye, ngohlobo olunye lwabantu, wathumela ihobe. Usese nguThixo, uJehovah-jireh angabonelela nangantoni na Ayidingayo.

231 Awuna kuthi, nje ngexa uphumela kulomgca wokuthandazelwa ngoku, ucele uThixo akubonelele kumaphiko eHobe? IHobe, uMoya woMoya oyiNgcwele, akunike ukholo entliziyweni yakho lokukholwa ukuba uzakuphiliswa.

232 Ndizama ukubafumana bonke beme ngenyawo, uyabona. Ndiyacela ngoku. UMzalwane uBrown usendaweni yakhe. Mzalwane uJack. . . Uthini? [Umntu othile uthetha noMzalwane uBranham—Mgq.] Kulungile, ilungile. *Eli* candelo apha, lize ngolu hlobo kuqala, sele lusemgceni. Amacandelo emva ngapha *apha* angene kanye emva kwabo. *Aba* bangene kanye emva

kwephiko. Ze *nina* ningene kanye emva kwaba apha, nisiza ukujikela ukuza kuthandazelwa.

<sup>233</sup> Ngoku, ndiqinisekile oku ayizukuba ngumgca okhawulezayo, siza kuthatha nje ixesha elincinane ukuze sibe nokuthandazela ngenene ngamnye, kangangoko sinako.

<sup>234</sup> Ngoku, ndiwuqhawule umyalezo wam nje wamfutshane (kwaye nonke niye nayibamba lonto, uyabona) ukuze ndibe nalo mgca wokuthandazela. Oku sisikhumbuzo semihla xa uMzalwane uJack Moore, uMzalwane uYoung Brown, abafazi benu baniyeka nihambe, naze neza ngapha saze saphuma ukuya eCalifornia, nako konke ukunqumla eArizona (sikunye, ukunqumla entlango), ze sithandazele abagulayo.

<sup>235</sup> Uyazi yintoni? Kukho abantu abaphilayo namhlanje ababesifa ngoko, kwaye basaphila ngenxa yala nzame. Yenza ntoni? Yantshulisa iimpiliso eziNgcwele kwibandla ngalinye elikhoyo elizweni, ngoku nkqu namaRhabe nokunjalo. Ba...Yathulisa imilomo yabo, ngoba kwathabatha uThixo ukuthambisa umntu othile ukuba anqumle uGoliyathi, ukubonisa ukuba inokwenziwa, emva koko bonke abaseleyo bakhali (kunjalo) baze baqhubeka. Inokwenziwa kwakho, ngokuba Usaluthumela uthando lwaKhe kumaphiko eHobe.

<sup>236</sup> MaKristu, ndifuna nimamele. Ukuba ndingema apha ndizame ukunicaphulela ngezinto zamandla angaphezu kwendalo endizibonileyo zisenzeka nkqu kule minyaka mithathu idlulileyo, ndiyakube ndiselapha ngeli xesha kubusuku baloMgqibelo uzayo, ndinixelela. Andithethi nakakhulu ngayo, ngoba ivakala phantse ngathi ayinakwenzeka, kodwa ndinixelela iNyani. YiNyaniso ngqo. Siphila phantsi kokukhokela koMkhulu onguSomandla uYehova, loWa umnye waye kunye nabaprofeti kwiTestamente eNdala, ekunye neBandla kwiTestamente eNtsha, Ulapha namhlanje ethabatha uMtshakazi kwiNtlanga ngenxa yeGama laKhe. Yikholwe Yona! Aninakukhe, bantu? Ukuba nakhe naYikholwa, Yikholweni kanye ngoku. Ngulo u...ndifuna niyenze. Asazi ukuba kokwenzeka ntoni ngobu busuku. Asazi ukuba kokwenzeka ntoni. Silinde nje phantsi kolindelo.

<sup>237</sup> Ncedani, eGameni leNkosi uYesu, ndinicela njengomkhonzi waKhe. Ndiyazi xa usebenza ngamabandla, unento yonke ixubene apho. Kodwa ukuba niyandikholwa njengomkhonzi waKhe, ukuba kukho ichaphaza lentandabuzo (okanye *isono* yi “ntandabuzo, ukungakholwa”), ukuba kukho ichaphaza layo entliziyweni yakho, cela uBawo ayisuse kanye ngoku. Yabona? “Nkosi...” Emva koko xa usiza ngokholo loqobo... Ngoku, izandla zam aziyi kuthetha nto ngaphandle kokuba Oko kukwehlele kuqala; ze ke xa isiza, iyakuyikhanyisa imke, uyakuphiliswa. Injalo kanye, uyakuyazi ukuba uyakuphiliswa. Yabona, uyakuyikholwa.

238 Ngoku, ndizakuthandazela ngoku ngamnye wenu. Kwaye ngoku. . . . Xa uyenza lento, nibeke izandla zenu ngaphaya omnye komnye nani, ngoko si. . . . Kwaye ube uthandazela lomntu ubeke izandla zakho kuye, ke ngoko ndizakunizisa nidlule emgceci. Beka izandla zakho kumntu okunye naye emgceci.

239 Thixo othandekayo, a—andazi enye indlela yokuzithetha ezi zinto, Nkosi. Ndazi nje ukuxela oko ndikwaziyo ukuba kuyiNyaniso, kwaye Ulingqina lam kobu busuku ukuba ndithetha iNyaniso. Ukholo lwam, Nkosi, kunye neyeyam impiliso kwixa elizayo; andazi nini, andazi njani, andiyiqondi; kodwa ndiyaYikhohla, Nkosi, ukuba ndamkele umqondiso ovela ngasentla. Eliya lesixhenxe ihobe ekugqibeleni lifikile, eyesixhenxe i-intshi izakugqitywa kwamsinya kwisilwanyana. Kuphelile!

240 Thixo, ndifuna ukukhonza abantu baKho. Ngoko ndiyathandaza, Thixo, ukuba Usithambise kangako ngobu busuku ukuze nabani esibeka izandla zethu kuye, banga bangaphiliswa; hayi kuba isithi, kodwa ngokuba kukulandela umyalelo waKho. Wathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakhohla.” Nkosi, ndinceda ndikholwe, kwaye uncede iintliziyo zabo ukuze zibe ngumhlaba wokuhlumela ukhohla. Kwaye kunga, ngokuhlengeneyo, ukwenzela uzuko lukaThixo, ngamnye ogulayo noxhwalekileyo umntu kwesi sakhiwo (okanye izakhiwo elizweni liphela) othobela lemyalelo ngoku, aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, ndiyayicela. Amen.

241 Yibani nokhohla; nonke thandazani nathi. Ngoku, lo asinguwo umgca wocalulo.

242 [Indawo engenanto ekhassetini—Mhl.] Uxinzelelo, uloyiko, ndiyayazi ukuba lento. . . . [Udade uthetha noMzalwane uBranham.] Usizana lento, uthe akazange alubone uxolo ebomini. Into enye end. . . . Andikwazi kulala, phatshuphatshu, ukutsaleka.

243 Thixo othandekayo, ndingqinele, Nkosi, ukuba ndithethe iNyaniso. Indlela endivakalelwa ngayo ngalo mfazi mncinane! Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyathumele kuye, ngobu busuku, olwakrozo lokhohla luvela ngasentla olwaziyo ukuba Wena ubophelelekile eLizwini Lakho, kwaye Uzakuligcina ngalinye iLizwi. Yanga uThixo weZulu angalususa olu loyiko kudadewethu. Kwaye ndiyaKuthobela ngokubeka izandla phezu kwake ze ndiluqalekise. EGameni likaYesu Kristu, lunga lungaphuma kuye. Amen.

244 Ngoku, jonga dade, ndikholwe ngoku, ukuba ungaqala ukususela kanye apha, emnqamlezweni. Ukususela kobu busuku, ukhanyele ukuba unalo. Yabona, hamba usithi, “Andisenayo kwaphela,” kwaye luya kumka kuwe.

245 Dade uPalmer. [Udade uPalmer uthetha noMzalwane uBranham—Mhl.] Ewe. Udade wethu, Udade uPalmer; umyeni

wakhe ungumhlobo wam othandekayo kakhulu, umlungisileli waseGeorgia okanye e-Alabama, Georgia—Georgia. Kwaye ebesiza apha emnqubeni. . . Baya qhuba, xa ndishumayela apha emnqubeni, ishumi elinesihlanu lamakhulu emayile ukuza kuva inkonzo enye. Umzalwane uPalmer walahlekelwa kukusilawula isithuthi sakhe, okanye inkwenkwe, omnye, xa bebezika ikona, baze baba nentlekele. Udade unemiphumela yokuchaphazeleka kuyo.

Masithandaze.

<sup>246</sup> Thixo othandekayo, hlangula lomkhonzi waKho, inkosikazi yakhe encinane, ethembekileyo, enyanisekileyo, umkhonzi omncinane kuKristu, ndiyathandaza, Thixo, njengokuba ndibeka izandla zam phezu kwakhe, noMzalwane wam uJack Moore apha, ukuba umphilise Umenze abe ngophilileyo. EGameni likaYesu. Amen.

UThixo akusikelele! . . . ? . . .

<sup>247</sup> Kunyawo lwasekunene, kwaye umele yona? Inkwenkwe yakhe encinane isisilima, iva kabuhlungu esuswini sayo nomqolo.

Masithandaze.

<sup>248</sup> Thixo othandekayo, vumela eliya limhlophe-okwekhephu iHobe lingene emazantsi entliziyweni yayo kanye ngoku, “Uhlatywe ngenxa yezikrefo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa, ngemivumbo yaKhe siphilisiwe.” Ndicela oku kubenjalo kumzalwane wethu nonyana wakhe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>249</sup> Iintlungu zentlonko ezimandla, kunye nesigulo somlenze esimhluphayo ngexa esebenza.

<sup>250</sup> Thixo othandekayo, bonelela ngentsikelelo yempiliso yaKho kulomfana, njengoba thina njengabakhonzi bakaThixo sibeka izandla zethu kuye. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>251</sup> Unengxaki yamanenekazi, yamabhinqa, kwaye ukwafuna noBhaptizo loMoya oyiNgcwele.

<sup>252</sup> Thixo othandekayo, njengokuba ndinikela kuwe lomthandazo wokholo ukwenzela eli nenekazi lincinane, yanga ingxaki yamabhinqa ingemka, yanga uBhaptizo loMoya oyiNgcwele lungeza kumaphiko eHobe, EGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele, dade.

<sup>253</sup> Inyama ekhulayo emehlweni lakhe, noko mlingane wakhe onothando.

<sup>254</sup> Thixo othandekayo, Uyazazi iintliziyo zabantu. Ndithandaza Wena Bawo, EGameni likaYesu, ukuba Usinike esi sicelo lomzalwane asicelileyo; kunye nokuthobela kwethu

iLizwi Lakho lokubeka izandla zethu kuye. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

UTHixo akusikelele, mzalwane.

255 Unenyama ekhulayo kwicala lakhe lasekhohlo, kwaye nelizwi lakhe lonakele.

256 Yesu othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa lodade; sibeka izandla phezu kwakhe eGameni likaYesu Kristu, ukuba impiliso yakhe ibekho. Amen.

UTHixo akusikelele, dadewethu.

257 Kakade, dade, ndiyayibona ingxaki yakho, imilenze edumbileyo. [Udade uthetha noMzalwane uBranham—Mhl.] Intso, isinyi, kwakunye neqatha eliphume endaweni yalo.

258 Owu Bawo, Thixo, philisa lomfazi uxabisekileyo, Nkosi, ndiyathandaza, njengokuba ndibeka izandla phezu kwakhe eGameni likaYesu Kristu. Amen.

259 UThixo akusikelele, dade; nantso indlela, iyakwenziwa.

260 Niyakuva oko, anikuva, embokweni? Nokuba ngubani ose... injineli, ukuba ungawunyusa nje kancinane, isihlewele sibe nokubuva obabo ubungqi-... okanye oko bakutshoyo xa bedlula. Yibani semthandazweni ngabo xa nibuva; xa ndiqalisa ukuthandaza, nithandaze nam.

261 Thixo othandekayo, ndithandazela lona udade wethu, ukuba Umphilise, Thixo othandekayo. Senza oku kuba ngumyalelo waKho. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Akusikelele, dade.

262 Thixo othandekayo, Uyabuva oba bungqina, Uyeva ukuba utshaba lwenze ntoni kuye. Sizama ukuthatha iGama likaYesu ze siloyise olutshaba; sele lunjalo ngokuba elikhandanisiweyo, elimanxeba iHobe lawa emgangathweni weNdlu kaThixo kunye noMyalezo, "Kugqityiwe!" Sinike oko, yanga angakukholwa oko, Bawo, EGameni likaYesu.

263 Thixo othandekayo, ndiyathandaza ukuba Umphilise lona udade wethu. Yanga iHobe likaThixo lingangqina kuye ngobubusuku ukuba Wayenzela yena, ukuze abe nokuba ngophilileyo. EGameni likaYesu. Amen.

264 Thixo othandekayo, ndibeka izandla zam phezu komzalwane wam omi apha. Ube nokholo olwaneleyo ukuza lomgama, Nkosi, ngoku yanga angamkela impiliso yakhe aze aye esitulweni sakhe ephilile. EGameni likaYesu.

265 Thixo othandekayo, ndithandazela umzalwane wethu, ndibeka izandla phezu kwakhe. Nceda, Thixo othandekayo, ukuba ukholo lukaThixo luhlele emazantsi nje ngeli xesha; abe njengo-Abraham, abize ezo zinto zikhoyo, ngokungathi azi—azikho, ngoba uThixo wenze isithembiso. EGameni likaYesu. Amen.

UThixo akusikelele.

266 Thixo othandekayo, Nguwe Onako ukwenza isigqibo esinyanisekileyo. Ndiyathandaza, Thixo othandekayo, njengokuba eli nenekazi lincinane likucelile oku, yanga lingakwamkela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

267 Thixo othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade wethu ekuthobeleni oko Uthe masikwenze. Oku kusibuyisa umva iminyaka emininzi, Nkosi, sukela saqhuba umgca wokuthandazela ngolu hlobo; kodwa siyakwazi okwenzekayo ngoko, siyazi ukuba UngulaThixo umnye nanamhlanje ukuba abantu banganalo olokholo lunye nanamhlanje. Ndithandaza eGameni likaYesu ukwenzela impiliso yodade wethu. Amen.

268 Thixo othandekayo, ndibeka izandla zam phezu komzalwane wam apha kwaye ndicela impiliso yakhe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

269 Bawo, ndizisa phambi kwaKho ngobu busuku lo udade wethu, kwaye ndibeka izandla zam phezu kwakhe ukungqina ukuba ndimi njengobungqina bamandla Akho, ndimi njengobungqina bemibono Yakho, iLizwi laKho, kwaye ndilingqina lokuba UnguThixo. Kwaye ndibeka izandla phezu kwakhe ukuthobela iLizwi loThixo wam, kwaye ndicela impiliso yakhe. Amen.

270 Thixo othandekayo, ndibeka izandla phezu komzalwane wam ngendlela enye, njengengqina lamandla Akho ndicela impiliso yakhe eGameni likaYesu Kristu. Amen.

271 [Indawo engenanto ekhasethini—Mhl.] “Intoni?”

272 Wathi, “Umphilisi.” Wathetha oko “Indoda evela phezulu ndaweni ithile, phezulu e-Arkansas, yayiphilisiwe ngalo ntsasa, umlungisi wezihlangu oyimfama.” Niyalazi ibali. Beli kunomathotholo.

273 Ndaze ndathi . . . ndacinga . . . ndadlala indawo yomhanahanisi. Ndathi, “Awuyikholwa ukuba yiNyaniso leyo?”

274 Wathi, “Ewe, mhlekazi, ndiyayikholwa.”

275 Ndaze ndathi, “Uyakholwa kulo mhla xa uThixo enokwenza into enjalo, xa . . .”

276 Wathi, “Mhleleli, ndiyimamele inkqubo yezenkolo.” Wathi, “NdingumKristu.” Wathi, “Ndizimamele iinkqubo, ndiyivile landoda phezulu phaya ephilisiweyo ngale ntsasa, lamlungisi wezihlangu uyimfama. Bamkhuphele ngaphandle ebandleni, ebesenza ingxolo engako, ukusuka kwelinye ibandla ukuya kwelinye. Nomnqwazi wakhe ukwintonga yakhe, ewujikelezisa, esihla-enyuka ukubaleka emabandleni, kuwo onke esixekweni, ekhwaza, ‘Ndiphilisiwe! Ndiphilisiwe!’ Umlungisi wezihlangu oyimfama.”

277 Ndathi, “Uyayikholwa lonto?”



278 Waze wama phaya ithutyana, kuluhlobo lwemvula efefezayo, wathi, “Mhlelezi, ukuba ungandingenisa apho akhoyo, ngoko ndiyakuzifumanela utata wam.” Kengoko ndaziva malunga kangaka.

279 Ndathi, “Mhlawumbi ndim lo umfunayo.”

280 Wathi... wandibamba ngemigobo esesifubeni yebhatyi, wathi, “Unguye uMphilisi wena?”

281 Ndathi, “Hayi, dade, kodwa ndinguMzalwane uBranham.”

282 Wathi, “Ndenzele inceba!”

Ndacinga ngolihlwempu omdala oyimfama uFanny Crosby, “Ngexa Ubabiza abanye, mawungandedluli.” Yabona, Ubemphilisile omnye, Ebenako ukumphilisa naye.

283 Ndabeka izandla zam phezu kwamehlo akhe, ndathi, “Yesu othandekayo, ngenye imini umnqamlezo ogadalala omdala weza ubetheka ngesitrato, amagxa enegazi eliphuma kuwo, umzimba omncinane ongenamandla owawuwuthwele wawa phantsi komthwalo. Indoda entsundu egama linguSimon, waseKirene, weza wawuphakamisa umnqamlezo, waMnceda ukuwuthwala. Ndiqinisekile Uyayikhumbula lonto, Bawo. Kwaye omnye wabantwana bakhe uyagxadazela apha ebumnyameni, ndiqinisekile Uyaqonda.”

284 Wathi, “Uzuko kuThixo! Ndiyabona!” Uh-huh.

285 Ndathi, “Uyabona?”

286 Wathi, “Ewe, mhlekazi.”

287 Ndathi, “Bala eza zibane.” Waze wazibala. Ndathi, “Unjani umbala wesuti endiyinxibileyo?”

288 Wathi, “Unxibe isuti engwevu, neqhina elityheli.” Yayi yiyo, wayebona.

289 Owu, uThixo uyayihlonipha intobeko. Uh-huh.

*Oku ngokunokwako koko kuzakwenza, kuzalisekise,  
uloyiso olumandla eLuthandweni lobuThixo.*

290 Thixo othandekayo, yenza inceba uphilise udadewethu, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

291 Thixo othandekayo, njengokuba ndithatha esi sibuthathaka, sishwabeneyo isandla, kuphela Nguwe owaziyo okudlule apha. Ndiyathandaza, Thixo othandekayo, ukuba esi sandla sinye ndisibambileyo ngobu busuku siya kukwanga njengezo zibuthathaka izandla zikaSimon ngalamhla, “Nkosi, mndulule umkhonzi waKho enoxolo, ngokuba ngoku ndiyalubona usindiso lwaKho.” Yanga Lungehla phezu kwakhe, Nkosi, usindiso lwaKho, ze limenze apha eGameni likaYesu. Amen.

292 [Indawo engenanto ekhasethini—Mhl.] Kwi *Ityala*, ngoba, uMnu. uKungakholwa ubeke ityala uYesu Kristu. Niyalikhumbula *Ityala*? Indlela i... Babena—namagqwetha

nayo yonke into, nokuba ngubani owamela bani. Saye sine—negqwetha elingumtshutshisi, uSathana, owayeza kutshutshisa; indlela, ityala elaziswayo ngayo.

<sup>293</sup> Waze wathi, omnye, uMnu. uMthandabuzi, wenyuka, wathi, “Ndeva umshumayeli esithi, ‘Thambisa abagulayo nge oli, iBhayibhile itsho oko.’ Ndandithanjisiwe nge oli, andaphiliswa. Omnye wathi, ‘Beka izandla kwabagulayo, bayakuphila.’” Wayezama ukutshutshisa.

<sup>294</sup> Kodwa xa ingqina lezayo, yayilapha, “UThixo wabaxelela, wathi, ‘Benikade. . .’” Wathi, “Sele kuzinyanga ezintandathu sukela kwabekwa izandla kum, kwaye iLizwi laKho lithi ‘Beka izandla kwabagulayo bayakuphila.’ Yabe izandla zabekwa kum ngomnye wabakhonzi baKho abathanjisiweyo, kwaye andikaphili nangoku. Ngoko ke, Ungumzenzisi wobuxoki, ngokuba iLizwi laKho alithethi oko Likutshoyo.”

<sup>295</sup> Ngoko xa ingqina lezayo, inyaniso yayi yile, ukuba “ILizwi laKhe liyinyaniso. Akazange atsho ukuba Uyakuyenza *nini*, Wathi, ‘Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo; ukuba babeka izandla phezu kwabagulayo, baya *kuphila*.’ Yabona? Yabona, nako Akuthethileyo, ‘Baya *kuphila*.’ Ngoko nokuba ngummangalis wesiqophe owenzeke nje kanye *ngolu* hlobo okanye kukuthobela nje uThixo, kuxhomekeke kuYe nalomntu. Yabona? Kodwa ukuba lomntu uyedwa uyaYikholwa, andikhathali ukuba ithatha ixesha elingakanani. Wathi ku-Abraham, ‘Uzakufumana umntwana ngoSarah.’ Umntwana zange aze iminyaka engamashumi mabini anesihlanu. Waxelela uNowa iza ‘kuna.’ UNowa waba naye unogumbe. . .um—umkhombe wakhelwa unogumbe, emininzi, emininzi iminyaka phambi kokuba unogumbe afike, kodwa wayesazi ukuba kuza kuna. IBhayibhile yathi, ‘Umthandazo wokholo uyakumsindisa ogulayo, kwaye uThixo uyakuba phakamisa.’ Nini? Akatshongo. UThixo lilungisa, Uyinyaniso, funda nje oko iLizwi laKhe likutshoyo.”

<sup>296</sup> Nako endikwenzileyo ngobu busuku, ukubeka izandla kwabagulayo. Ngoku, ndiyakholwa ngamnye kubo uzakuphiliswa. Ndiyakholwa, ngamnye kubo. Ngaba nikholwa ngokufanayo? Ngoku kholwa ngenxa yaba bantu baxhwalekileyo.

<sup>297</sup> Kukho inenekazi elincinane apha, kubonakala ngathi ndimele kukulazi, ndilithandezele phezolo, phandle phaya kumgca wokuthandazela. Ngubani igama lalo? Chambers. . . Chambless. Ukuba ela nenekazi lincinane beliphile—beliphile ngokuqhelekileyo, belingaxhwalekanga, beliyakuba ngokuqinisekileyo ngumfazi omhle. Kwaye lihleli phaya ngoku, lingangcazela. Othandekayo, olungileyo umoya kulantombi. Kwaye uhleli phaya engcangcazela *ngolu* hlobo. Owu, indlela

okuya okophula ngayo intliziyo yam. Indlela ebendingwena ngayo. . . nje ukuba bendinga!

<sup>298</sup> Nalu usana oluncinane, inenekazi lihleli apha lilubambile. Ulwimi lwalo oluncinane lujinga ngaphandle, umzimba walo omncinane uxhwalekile. Bekuya kuthini ukuba ibinguJoseph wam omncinane lowa? Bekuya kuthini ukuba ibingumuzukulwana wam omncinane uPaul? Bekuya kuthini ukuba ibinguRebekah ohleli emva phaya, okanye uSarah? Bekuya kuthini ukuba uNkskz. Simpson apha ebengumfazi wam uMeda? Lo mfana uselula uhleli apha ebenguBilly Paul? Lo mfazi walupheleyo uhleli apha ebengumama wam? Khumbula, ngumtwana womntu othile, ngudade womntu othile, yintombi yomntu othile, nonyana womntu othile. Yabona? Ndingumzalwane wabo, UnguMsindisi wethu. Konke endingakwenzayo ku. . .olo kholo ndinalo ndilinkela ngenxa yabo. Koko kuphela kwendikwaziyo.

<sup>299</sup> Ngoku, iNkosi ingandibonisa umbono, Ingandixelela ukuba yintoni inkathazo ngaye ngamnye kubo. Ndingayiqondakalisa lonto kuni, uyabona, niyayazi lonto. Kodwa oko akubaphilisi. Oko akubaphilisi. Hayi, kufuneka ibe yinto engena ngaphakathi kubo, yabona. Kwaye ndiyathemba. . .

<sup>300</sup> Njengokuba ndingenyuka apha ndithathe ngamnye kuni ndinibhaptizele eGameni leNkosi uYesu Kristu, oko akuyi kuzisusa izono zenu. Hayi, hayi! Hayi, andikholwa kubhaptizo lwamanzi eGameni leNkosi uYesu Kristu okusa eluhlaziyweni; ndikholelwa iGazi luhlaziywo, yabona, hayi—hayi amanzi. Kodwa, uyabona, ndingabhaptiza ndibhaptize, kodwa ungena kuphela ungumoni owomileyo, uphume ungomanzi; yabona, de ube uguquke ngokwenene. *Guquka*, uze ke ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu. Uyabona? Kwaye kulapho ndahluka khona nentshukumo yoBunye. Hayi ukubhaptizela kuhlaziywo, hayi; ndikholwa ukuba liGazi elicocayo, hayi amanzi. Uyabona? *Inguquko*, ze ke ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.

<sup>301</sup> Ngoku ndiyehla ukuya kuthandaza. Kwaye aba bantu bayinto engako kuwe njengokuba benjalo kum, mhlawumbi nangaphezulu kulo mgca wokuzalana.

<sup>302</sup> Ngoku masimanyaneni kunye, kwaye nezandla zenu elukholweni, nesandla sam elukholweni, sizise ezantsi izandla zeNkosi uYesu ukuzibeka phezu kwaba balusizana baxhwalekileyo abantu. Ningathandaza nam?

<sup>303</sup> [Indawo engenanto ekhasethini—Mhl.] Abo banetshefu zabagulayo nabaxhwalekileyo, ningazifumana kanye emva kwenkonzo. Ngoku ncedani mna ndithandazele aba, ningenza njalo?

<sup>304</sup> Thixo, siyakubulela Wena, Nkosi, ngento Oyenzileyo kobu busuku. SiKubulela kwangaphambili ngempiliso yomntu ngamnye odlule kula mgca. Thixo othandekayo, ndithandaza

phezu kwezi tshefu, mhlawumbi zezabanye abangakwazanga nokuza kule mihlangano, kwaze abathandekayo kubo bazisa iitshefu. EBhayibhileni siyafundiswa ukuba bathabatha emzimbeni kaPawulos, itshefu okanye imibhinqo. Ngoku, abaya bantu emva phaya babephile kubukho baKho, babeKubonile esitratweni, babeKubonile emhlanganweni wabo, kwaye babebone uMoya waKho omnye phezu koPawulos. Kwaye babesazi ukuba asiyiyo landoda, ibinguMoya waKho owongamele ubomi bakhe, ngoba sibona uPawulos esenza izinto ezinye Owawuzenza.

<sup>305</sup> Kwaye ngoku, Nkosi, abantu balomhla bayambona laThixo mnye ephila eBandleni laKhe nabantu baKhe. Kwaye bazise ezitshefu, ukuze zithatyathwe apha zisiwe kwabathandekayo babo. Nikeza, Thixo, ukuba ngamnye wabo uyakuphiliswa ngeyeyaKho indlela. Asiceli into ethile ibe nokwenziwa ngendlela ethile okanye ngaluphi uhlobo; siyacela nje, “NgeyeyaKho indlela, Bawo, baphilise.” Ukwenzela uzuko lukaThixo, ndinikela ngalomthandazo wokholo phezu kwayo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>306</sup> Ndibe nexesha elimangalisayo lobudlelwane kukholo lwenu, ubukho benu kuYesu Kristu. Lo iyakuba ngumhlangano endiya kuwukhumbula ixesha elide ngokwenzekileyo: uthando, intsebenziswano, ubudlelwane.

<sup>307</sup> Kwaye ngoku, de sidibane kwakhona, wanga uThixo weZulu anganikhokela. Lowo Owenza iinkwenkwezi zibengezele ngokuqaqambileyo ebusuku ukukhanyisa indlela xa isiba luzizi, yanga Angakhanyisa indlela yenu ngeNkwenkwezi yaseBethlehem ukunikhokelela kubomi obunikelwe ngokuphelelyo eLizwini laKhe, ngumthandazo wam.

De sidibane, de sidibane,  
De sidibane ezinyaweni zikaYesu;  
De sidibane, de sidibane,  
UThixo abe nawe de sidibane kwakho.

<sup>308</sup> Ngoku masimeni. *Lukhangela KuWe Ukholo Lwam! . . . ? . . .* ndi . . . kuhle, ndiyakuyitshintsha leyo. Ndiyakholwa ilungile leyo. (Ndixoleleni.)

Lukhangela kuWe ukholo lwam,  
Mvana yeKalvari,  
Msindisi ngobuThixo!  
Ngoku ndive ndithandaza,  
Susa isono sam,  
Ususela namhla  
Ndenz' owaKho!

<sup>309</sup> Ngoku masibambe izandla zomnye nomnye xa becula.

Xa ndicanda ubomi bephinyelayo indlela  
emnyama,  
Nobunzima bondigqongile busanda,  
Yiba nguMkhokeli wam Wena;  
Shenxis' ubumnyama benze imini,  
Sula inyembezi zeentsizi,  
Ndenze ndingaze ndimke  
KuWe ndlela.

310 Niziva ngecono ngoku, akunjalo?

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

Ngoku kumaphiko elimhlophe njengekhephu  
ihobe,  
UThixo Uthumela olunyulu, olumnandi  
uthando lwaKhe,  
Umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

311 Lowo ngumyalezo wethu wokuvala walomkhankaso.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
UThixo Uthumela olunyulu, olumnandi  
uthando lwaKhe,  
Umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

312 Sithobise iintloko zethu. Njengokuba amavili engqumshela  
ingoma ukubuyela ekhaya, ndiyathemba iya...uyakukuva  
ukungqumshela kwamavili, ukugquma kwenjini.

Kumaphiko elimhlophe njengekhephu ihobe,  
UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

[UMzalwane uBranham uqalisa ukungqumshela ikhoras—  
Mhl.]

...ihobe,  
UThixo wathumela ezantsi olunyulu,  
olumnandi uthando lwaKhe,  
Umqondiso ovela ngasentla,  
Kumaphiko ehobe.

313 Nentloko zenu zithotywe, ndininikela kowenu... Mzalwane  
uNoel.



*KUMAPHIKO ELIMHLOPHE OKWEKHEPHU IHOBE* XHO65-1128E  
(On The Wings Of A Snow-White Dove)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayelwa ngorhatya ngeCawa, Novembai we-28, ngowe-1965, e-Life Tabernacle eShreveport, Louisiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)